



weNtshona Koloni

EzeMfundo

**IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
2014/2015 - 2016/2017**

Amanqakwana:

1. Ukuchuleza ekufundeni nokutolika olu Xwebhu

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka seSebe iWCED (*WCED Annual Performance Plan (APP)*) masifundwe nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule seMinyaka emiHlanu (*Five-year Strategic Plan (2010 – 2014)*).

Uxwebhu lwe-APP luqulunqwe ngokungqinelana nethemphleyithi kaNondyabo kaZwelonke. Oku kuye kwalungiswa apha naphaya kwenziwa ithemphleyithi yecandelo lezefundo.

Iimali ezabelwe imfundo zahlulwe ngokweeprogram eziyi-9. Iprogram nganye icaciswa ziiprogram ezisekelayo zikazwelonke. Ezi program zidweliswe ekuqaleni kwiprogram nganye.

KwiProgram 2 naku-4 iSebe litenxile kwistraktsha sebhajethi yecandelo (*sector budget structure*) kuba ezemidlalo zezikolo ziphantsi kweSebe lezeNkcubeko nezeMidlalo (*Department of Cultural Affairs and Sport*). Kuphela yiprogram esekelayo enye esebenza kwiProgram 5 ngokuxhomekeka ekutshintshweni kwale Program isiwe kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*).

IiTheyibhile zebhajethi ezimiselwe nguzwelonke (*Nationally-defined Statistical Tables (BTs)*) zifakwe iinombolo ngokungqinelana neprogram echaphazelekayo. Itheyibhile nganye yeBT inesethi yezalathi-nkqubela ezibonisa imali. Kukho izalathi-nkqubela zikazwelonke ezibizwa ngokuba "YiMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram" nezalathi-nkqubela zephondo ezibizwa ngokuba "ziZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram".

Kwizihlomelo kukho itheyibhile zedatha ezixhasa ucwangciso kuzwelonke, ukubeka esweni, nokuvavanya okwenziwa kuzwelonke. Zikwanika imilinganiselo engumzekelo (*benchmarks*). Iinkcukacha-manani zezecandelo liphela zaze emva koko zahlula-hlulwa zazesethana (*subset*) nganye o.k.t uNdlunkulu (obandakanya izithili zemfundo); zonke izikolo zikarhulumente ezahlulwa zibe ziiprayimari, iisekondari, izikolo ezizimeleyo, izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, iiKholeji zeFET, imfundo yabadala, imfundo yabantwana abasaqalayo neenkonzo ezincedisayo.

Makuqatshelwe ukuba amanani ka-2013/14 kwitheyibhile aluQikelelo oluHlenga-hlengisiweyo.

2. Iikopi eziguqulweyo:

Ikopi zolu xwebhu ngolwimi lwesi-Afrikansi nesiXhosa ziya kufumaneka kwiziko lewebhu leWCED: <http://wced.school.za> kwiintsuku ezingama-30 zokwandlalwa kwalo.

PR Number: PR40/2014
ISBN Number: 978-0-621-42495-9

Ukufumana ikopi zolu xwebhu,
kucelwa uqhagamshelane nalo:
INhloko Education,
Private Bag X9114,
Cape Town, 8000.
Ifowuni: 021 467 2531
Ifeksi: 021 461 3694
Iimeyili: media1.media1@westerncape.gov.za

Olu xwebhu luya kufumaneka xa luceliwe ngesi-Afrikansi nangesiXhosa malunga ne-31 Matshi 2014.

Ukunikezelwa koxwebhu ngokusemthethweni

Esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka


- siqulunqwe ngabaphathi beSebe leMfundo leNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa weMfundo weSebe eNtshona Koloni;
- silungiswe ngokungqinelana nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule esikhoyo ngoku seSebe leMfundo leNtshona Koloni; yaye
- sibonisa ngokuchanekileyo iithagethi zentsebenzo iSebe leMfundo leNtshona Koloni eliya kuzama kangangoko ukufikelela kuzo ngokuxhomekeka kwimali efumanekayo kwibhujethi ka-2014/15.



Mnu Leon Ely
IGosa lezeMali eliyiNtloko



Nks Anne Schlebusch
IGosa eliyiNtloko elijongene nezoCwangciso



Nks Penny Vinjevold
IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Sivunywe ngulo:



Mphathiswa Donald Grant
OneGunya loLawulo

Iziqulatho

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1	Umbono	1
2	Eyona njongo iphambili	1
3	Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule neziJolise kwiZiphumo	1
4	Iimfundiso ezisisiseko	2
5	Iimbulambethe eyenziwa nguMphathiswa	2
6	Iintshayelelo eyenziwa liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali	3

ICandelo B: Inkcazo yesiCwangciso soBuchule

1	IsiCwangciso i-Schooling 2025 neeNjongo eziyi-27	5
2	IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo 7	5
3	IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke	7
4	Ucazululo lweMeko eziQhubekayo oluhlaziyiweyo	8
4.1	Imeko eNgqonge uKwenziwa kweNtsebenzo	8
4.2	Imeko eNgqonge iSebe	14
4.3	Uhlaziyo lweMithetho neZinye iziGunyaziso	16
5	Amaphulo ongenelelo ngoncedo acwangcisiweyo neeprogram	20
5.1	IiPrayorithi zeBhajethi zamaCandelo	20
5.2	Izicwangciso zePhondo	22
6	Isishwankathelo seBhajethi ka-2014/15 noQikelelo lwe-MTEF	33
6.1	UQikelelo lweNkcitho neeTheyibhile zeBhajethi zamaCandelo	33

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo

1	IProgram 1: Ezolawulo	36
1.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	37
1.2	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	40
1.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram- IiThagethi zoNyaka zika-2014/15	41
1.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram- IiThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	41
1.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	42
1.6	INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	43
2	Iprogram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	46
2.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	48
2.2	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaQho ngeKota	53
2.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram- IiThagethi zoNyaka zika-2014/15	53
2.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	54
2.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	54
2.6	INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	58

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo (zisaqhutywa)

3	Iprogram 3: IiNkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo	50
3.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	51
3.2	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	51
3.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	52
3.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	52
3.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	52
3.6	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	53
4	Iprogram 4: Imfundo yeSikolo esineeMfuno eziZodwa sikaRhulumente	54
4.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	56
4.2	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	56
4.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	57
4.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	57
4.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	58
4.6	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	58
5	IProgram 5: Imfundo noQeqesho oluQhubekayo	60
5.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	61
5.2	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	61
5.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	62
5.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	62
5.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	62
5.6	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	62
6	IProgram 6: Imfundo yaBadala noQeqesho	63
6.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	64
6.2	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	64
6.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	65
6.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	65
6.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	65
6.6	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	66
7	IProgram 7: Uphuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukuFunda	67
7.1	Iinjongo yoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	68
7.2	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	68
7.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	69
7.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	69
7.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	70
7.6	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	70

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo (zisaqhutywa)

8	IProgram 8: UPuhliso lweZiseko (<i>Infrastructure Development</i>)	82
8.1	linjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	82
8.2	linjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	83
8.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	84
8.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	84
8.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	84
8.6	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	85
9	IProgram 9: linkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo	86
9.1	Injongo yoBuchule neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	87
9.2	linjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	88
9.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zika-2014/15	88
9.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zika-2014/15	88
9.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	89
9.6	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	89

ICandelo D: Ukunxibelelana nezinye iziCwangciso

10	Ukunxibelelana nezicwangciso zeziseko zophuhliso zethuba elide, ezemisebenzi yokwakha neminye imisebenzi	90
11	Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	97
12	Amaqumrhu axhaswa ngurhulumente (<i>Public entities</i>)	101
13	Amaphulo obambiswano phakathi kukarhulumente namaqumrhu abucala	101

Izihlomelo

1	Isihlomelo A: Isicwangciso soMsebenzi 2014 neZalathi zeMvumelwano yoKwenziwa kweNkonzo	102
2	Isihlomelo B: ITheyibhili zeNgcaciso eziFanelekileyo ekuCwangciseni iCandelo lezeMfundo	104
3	Isihlomelo C: IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram (ekaZwelonke)- Izalathi-nkqubela ii- <i>Technical Indicators</i>	113
4	Isihlomelo D: Izalathi-nkqubela zeNtsebenzo yeProgram (EzePhondo)-li- <i>Technical Indicators</i>	141
5	Isihlomelo E: Izishunqulelo	151
6	Isihlomelo F: I-oganogram	152
7	Isihlomelo G: Uhlaziyo lwesiCwangciso soBuchule (<i>Strategic Plan update</i>)	153

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1. Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kuphunyezwa ngeenjongo ezintathu ezongameleyo nezona ziphambili:

1. Ukuphucula ulwimi nemathematika kwizikolo eziziprayimari
2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi

2. Eyona njongo iphambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo lwenkqubo yemfundo iphela
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa
- Imfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji ze-FET zikaRhulumente
- Imfundo yaBadala noQeqesho (AET) kumaziko emfundo oluntu
- UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukuFunda (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho olwenzelwa ootitshala
- Iprogram yokutya namanye amanyathelo okunciphisa intlupheko nawokhuseleko athagethiweyo
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelela ngeemeko zengqesho ezisisiseko, ngezikhuthazi (incentives) nangeprogram yempilo-qete yabaqeshwa

3. Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule neziJolise kwiZiphumo (Strategic Outcome Oriented Goals)

Injongo 1 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukuphucula ulwimi neMathematika kwizikolo eziziprayimari
INKCAZO YEINJONGO	<p>Ukuphucula umgangatho wentsebenzo kuLwimi nakwiMathematika ukwenzela ukuba abafundi baqhuba ngokomgangatho weminyaka yobudala babo ngo-2014 ngolu hlobo lulandelayo:</p> <p>IBakala 3: ULwimi: yi-42% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-60% yabafundi.</p> <p>IBakala 6: ULwimi: yi-37% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-33% yabafundi.</p> <p>IBakala 9 : ULwimi: yi-50% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-20% yabafundi.</p> <p>Amanqaku aya kulandelelwa ngovavanyo qho ngonyaka aze amaphulo ongenelelo ngoncedo ahlanga-hlengiswe ngokungqinelana nawo.</p>

Injongo 2 eCwang-ciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
INkcazo yeNjongo	Ukuphucula amanani abafundi abapasa iimviwo zeNSC ngokubonelela ngeencwadi zezifundo, ngeeprogram zoqeqesho lootitshala, ngolawulo nangenkxaso. lithagethi zango-2014 ngabafundi abayi-43 000 abapase iNSC ne-20 400 abamkeleyo kwisiDanga sokuQala (Bachelor's degrees); abafundi abayi- 13 200 amabapase iMathematika nabayi-8 300 amabapase i-Physical Science.
Injongo 3 eCwang-ciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi
INkcazo yeNjongo	Ukupheliswa kokuqhuba kakubi kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo: oko kukuthi, izikolo ezili-10 zinereyithi yokupasa engu-<60% ngo-2014. Ukuphelisa ukuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabakala okunokulinganiselwa ngezi mvavanyo : <i>Annual National Assessment (ANA)</i> kumabakala 1 – 6 no-9 neemvavanyo zeSebe iWCED zamabakala 3, 6 no-9.

4. Iimfundiso ezisisiseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu waMalungelo oLuntu Ukusebenza ngokugqwesileyo ngokuthi kubekho abasebenzi abangootitshala abawenza kakuhle umsebenzi wokufundisa, abanikwa inkxaso, abaxhotyiswe ngezakhono nabaqeqeshwe ngokufanelekileyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo.
- Uxanduva lokuphendula nokwenzela izinto ekuhlени (*Accountability and transparency*)
- Ukuthembeka nokusebenza ngokugqwesileyo kwimisebenzi yolawulo neyokunika inkxaso

5. Imbulambethe eyenziwa nguMphathiswa

Kwiminyaka emine edlulileyo, ngo-Novemba 2009, uRhulumente weNtshona Koloni wakhupha isicwangciso sakhe sezefundo sika-2010 - 2019. Injongo eyongameleyo yesi sicwangciso kukuphucula iziphumo zabafundi kweli phondo.

Ekuqulunqeni le njongo sasiqonda kakuhle ukuba akukho sisombululo sikhawulezayo xa kuthethwa ngokuphucula umgangatho wemfundo ebonelelwa eNtshona Koloni. Oku kungenzeka kuphela ngenkqubo enokuhlala isebenza ithuba elide, ejolise kokuthile nengqinelaniswe nesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka nesingathi ngayo sibe nako ukufikelela kwezi njongo sazibekela zona ngo-2009. Isicwangciso sigxininisa kwiinkalo eziyiphambili ezinjongo yazo ikukuphucula amathuba obomi abo bonke abafundi kweli phondo ngokubabonelela ngemfundo esemgangathweni.

Kwiminyaka emine emva koko, uRhulumente weNtshona Koloni unako ukutsho ngengqiniseko nangokuzithemba ukuba oku kwenzelwe inkqubela ebonakalayo ekufikeleleni kwiinjongo zethu zokuphucula iziphumo zabafundi eNtshona Koloni. Ngeli thuba, sibalule amanyathelo ethuba elifutshane nawethuba elide aya kusinceda sifikelele kwiinjongo zethu.

Ukwenza umzekelo sele sithathe amanyathelo ethuba elifutshane afana nokukhawulezisa ukupapashwa kwezintlu zezithuba kunye nokuphucula iisitim zonxibelelwano nokubeka esweni iisitim ezifana neProgram yeziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (*School Improvement Plan Programme*). Sele siphumelele ekufikeleleni kwiinjongo zethuba elide ezifana nokubonelelwa kwezikolo ngeencwadi zezifundo kuwo onke amabakala, nokuqhubeka ukusebenza kwezo nkalo zifana nophuhliso lweziseko zophuhliso, ukufikelela kwezikolo kunxibelelwano lweesiginali ze-intanethi (*broadband access*) nokuphucula izakhono zootitshala bethu.

Lo gama sinendlela ende ekufuneka siyihambile ukufikelela kwiinjongo zethu esibekele zona ngo-2019, siyazingca kakhulu ngempumelelo yethu ukuza kuthi ga ngoku.

Kuyo yonke into esiyenzayo, siya kuqhubeka nokubeka abafundi phambili nokuqinisekisa ukuba ootitshala bethu baphathwa njengabantu abaxabisekileyo nabaqeqeshiweyo njengoko benjalo.

Ngasinye isigqibo esithathwayo ngokunxulumene nezemfundo eNtshona Koloni, siya kuqhubeka ukususelwa kwimfuno yokuphucula iziphumo zabafundi kweli phondo nokubonelela ngokufikelela nangaphezulu kwimfundo esemgangathweni- ekuthi ngokwenjenjalo kuphuculwe ngakumbi amathuba obomi olutsha lwethu.

6. Intshayelelo eyenziwa liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Eyona nto ephambili ekugxininiswa kuyo liSebe iWCED kunyaka ka-2014/15, nangaphaya kwakhe, kukuphucula umgangatho weziphumo zokufunda zabo bonke abantwana kweli phondo. Enye yeendlela ezibaluleke gqitha ekwenzeni oku, kukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi. Nakuba inani lezikolo ezinereyithi yokupasa imatriki engu<60% lehlile ukusuka kweliphezulu elingu-84 ngo-2009 ukuya ku-23 ngo-2013, usemninzi umsebenzi ekufuneka wenziwe.

Omnye umba ogxininisiwayo ekuphuculeni iziphumo zokufunda kukwandisa amanani abafundi abapasa amaBakala 1, 9, no-12. Kubekho ireyithi yokupasa esezantsi kumaBakala 1 no- 9 kwithuba leminyaka emininzi. Isicwangciso esisivume kule minyaka mibini idlulileyo sokuphucula ireyithi yokupasa sibangele ukuphucuka kwereyithi yokupasa ngolu hlobo lulandelayo:



Ezinye izalathi-nkqubela zephulo lokubonelela ngemfundo esemgangathweni kukuphucula amanani abapasileyo nabanako ukungena kwizifundo zeSidanga sokuQala nenani elingaphezulu labapasileyo nabapase bhetele iMaths ne-Science. Isicwangciso i-Maths and Science Strategy siya kujongiswa kwakhona kunye neprogram yeeGranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (*Conditional Grant programme*) kwizikolo ze-Dinaledi, ukuqinisekisa ukuba kuyafikelelwa kwezi njongo.

Zonke izikolo nee-ofisi zezithili zemfundo ziya kusayinela iithagethi zophuculo lwendlela eziqhuba ngayo ezifundweni izikolo nezicwangciso zokuphucula iziphumo zokufunda ekuyeni ekupheleni kukaFebruwari 2014.

Ukwenzela ukunika inkxaso injongo yokubonelela izikolo ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abantwana kwiphondo, iSebe iWCED liya:

- o kwandisa amanyathelo okunciphisa intlupheko ngokwandiswa kweprogram yezikolo ezingabizi zifizi ibandakanye izikolo ezongezelweyo eziyi-216 kumanqanaba 4 no- 5 entlupheko.
- o kuphucula iziseko zophuhliso zokuqala (*basic*) kuzo zonke izikolo ngenkqubo yolondolozo ehlaziyiweyo eyi-*stepped-up maintenance programme*. Ngo-2014 iSebe iWCED liya kwakha izikolo ezitsha ezithathu (3) neeklasi zeBakala R eziyi-54.
- o kuqinisekisa ukuba bonke abafundi baneencwadi zezifundo kwisifundo ngasinye yaye ezi ncwadi ziyasetyenziswa eklasini. Uphando lubonisa ngokucace gca ukuba ukubonelela izikolo ngeencwadi zokufunda ezininzi kakhulu kuphucula amanqanaba olwazi lokufunda nokubhala. Ukuqaliswa kweprogram yeeNkcazo zoMgaqo-nkqubo weKharithulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)*) kunikwe inkxaso ngokubonelelwa kwezikolo ngeencwadi zezifundo. Kuya kugxininiswa kusetyenziso oluyimpumelelo lwezi zibonelelo nokugcinwa kweencwadi ezikhoyo ithuba elide.
- o kuphucula ireyithi yokuhamba isikolo kootitshala nabafundi. Ngokusetyenziswa kweProgram yokuBeka esweni uPhuculo lweSikolo (*School Improvement Monitoring programme*) izikolo ziya kukhunjuzwa ukuba zizilandelele iirekhodi zokuhamba isikolo zootitshala nabafundi nokuba ziyifake le ngcaciso kwiirekhodi. Le datha iya kuczululwa ize isetyenziswe ekuqinisekiseni ukuba imigaqo-nkqubo neentambo zolawulo ziyasebenza ukuphucula ukuhamba isikolo kootitshala nabafundi.
- o ukubonelela abafundi ababudala bungaphezu kobo bokuhamba isikolo ngezinye iinkalo zokufunda ngokusebenzisana neekholeji zeFET nezeMfundo yaBadala.
- o ukongeza kumaphulo amaninzi amatsha okuPhucula uKwenziwa kweeNkonzo (*Service Delivery Improvement innovations*), iSebe iWCED liya kudibana neSebe lezeMpilo ukuxhasa iiklinikhi ezizimobhayili zokuxilonga amehlo neendlebe kubafundi abasebancinane.

Njengenqanaba eliphambili lokukhula, iSebe iWCED liya kuphucula iinkqubo zokwenza iinkonzo, unonophelo nokubanako ukuphendula kwiimfuno zabenzelwa iinkonzo kwezithili zemfundo nee-ofisi zakwandlunkulu.

ICandelo B: Inkcazo yesiCwangciso soBuchule

1. IsiCwangciso i-Schooling 2025 neeNjongo eziyi-27

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika iSouth African education sector plan siqulethwe kwi-Action Plan 2014, towards Schooling 2025. Isicwangciso siqulethe iinjongo eziyi-27. Eziyi-13 zokuqala zimalunga neziphumo zokufunda, yaye ezinye iinjongo eziyi-14 zimalunga nokuba kunokufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda.

Iinjongo eziyi-27 ziqhagamshelaniswe **nezalathi-nkqubela, neethagethi nezigaba ezibalulekileyo zazo**. Inani leenjongo liqingqiwe, izalathi-nkqubela zicaciswe gca yaye zinako ukulinganiselwa. Kufuneka iithagethi zibe 'ziindidi' yaye kufuneka ziye ziziphucula iziphumo zemfundo ngakumbi nangakumbi. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye mazingathathwa njengemida ekungenakudlulwa kuyo. Sele zibekiwe iithagethi zikazwelonke zethuba elide yaye izigaba zigxininisa kwiziphumo ezinqwenelekayo (*desired achievements*) kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu yethuba elizayo). Kumiselwe izigaba ezibalulekileyo zikazwelonke ukulungiselela iinjongo zentsebenzo 1-13. Akumiselwanga zigaba kwiinjongo 14 ukuya ku-27.

2. IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo

IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (*Delivery Agreement*) yitshatha ekwagqitywa ngayo ngo-2010, yaza yasayinwa phakathi kwabanye ngaba: uMongameli, uMphathiswa weMfundo esiSiseko naBaphathiswa bamaphondo (MECs). Iinjongo eziyi-27 zidweliswe apha ngezantsi. Iinjongo eziphambili ezintlanu (**five priority goals**) zeMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (*Delivery Agreement*), zethuba elifikelela ku-2014, **ziboniswa ngombhalo ongqindilili**.

Iinjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

- 1 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala kwiBakala 3.
- 2 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 6.
- 3 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 9.
- 4 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa imathematika.
- 6 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa iphysical science.
- 7 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 kwiilwimi.
- 8 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 kwimathematika.
- 9 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 8 kwimathematika.
- 10 ►Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eyi-15.

11 ► Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo yophuhliso lwabantwana abasaqalayo ukufunda esemgangathweni (ECD) nengaphantsi kweBakala 1.

12 ► Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amabakala ukususela kwiBakala 1- 9.

13 ► Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) ngaphaya kweBakala 9.

linjongo zokuba **kuya kufikelelwa njani na** kwiziphumo zokufunda zezi:

14 ► Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bajoyine umsebenzi wobutitshala.

15 ► Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklassi ezinamanani amakhulu.

16 ► Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (*professionalism*), izakhono zokufundisa (*teaching skills*) ulwazi ngezifundo (*subject knowledge*) nabanolwazi lokusebenzisa ikhompyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.

17 ► Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala (*teacher workforce*) baphile qete, banelisekile yaye bayawuthande umsebenzi wokufundisa abawenzayo.

18 ► Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oqhubekayo.

19 ► Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi isezantsi yeencwadi zezifundo nencwadi zomsebenzi (*minimum set of textbooks and workbooks*) ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.

20 ► Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (*range of media*), kuqukwa nekhompyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.

21 ► Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko zonyaka (*annual management processes*) ziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.

22 ► Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso se-e-Education strategy.

23 ► Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngendlela esekuhleni neyiyi (*transparently and effectively*).

24 ► Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (*physical infrastructure*) nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.

25 ► Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkonziso zikarhulumente kwabafundi kwimiba efana nezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyenzentlalo (*psychosocial support*), ezemidlalo nezenkcubeko.

26 ► Ukwandisa inani lezikolo ezizwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo obandakanya bonke abafundi (*inclusive education policy*) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkonziso zeengcali (*specialist services*).

27 ► Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkonziso zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwe-e-Education.

3. IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP)

Iinjongo ze-NDP ngokumalunga nemfundo zicaciswe kwiSahluko seThoba (iphepha 261) se-NDP yaye zidweliswe apha ngezantsi. Uninzi lwezi njongo kuhlangatyezwana nazo ngeenjongo nangamanyathelo eSebe iWCED. Ukugxininisa kwethu kule miba kuya kuba ngamandla njengoko iinkqubo nezalathi-nkqubela ziya zisanda ngokwanda ukusebenza kwinqanaba lephondo nakwelikazwelonke, yaye kuhlenga-hlengiswa iibhajethi neemodeli njengoko kuyimfuneko.

- 3.1. IZikolo:** ukubonelela bonke abafundi ngemfundo ekumgangatho otshatshelayo; ukuqwalasela amanqanaba asezantsi okufunda, okubhala nawokubala nalinganisela ngeemvavanyo zeli nezamazwe ngamazwe; ukumisela iithagethi zophuculo lomgangatho kule minyaka ili-10 kumabakala 3, 6, 9 nebakala 12 kwiimvavanyo zoMzantsi Afrika; ukuphucula indawo esikuyo kokweentlelo zamazwe ngamazwe (*international rankings*) nokwandisa amanani abafundi abaqhubeka nokufunda ezikolweni aye ku-90%.
- 3.2. Bonke abasebenzi:** imigangatho yolwazi kuyo yonke imisebenzi yootitshala; ukwenziwa kweemvavanyo zokujonga amanqanaba olwazi ngethuba lokuqala ingqesho nokulungiselela iinjongo zonyuselo-sikhundleni nokubonelela ngeeprogram zoqeqesho kumntu wonke.
- 3.3. Ootitshala:** Kufanele ootitshala baxatyiswe gqitha; babe nolwazi olunzulu lwesifundo yaye bafumane uphuhliso lwezakhono zokufundisa oluqhubeka okokoko yaye bakhuthazeke kakhulu. Kucetyiswa ukuba ukuqeshwa nokunyuselwa kootitshala kube ngumsebenzi oluxanduva lukarhulumente.
- 3.4. Iinqununu:** Makubekho iimvavanyo zokujonga amanqanaba olwazi azo zonke izithuba zokuqeshwa kweenqununu. Kufuneka ubungcali ibe kukuphela kwekhrayitheriya esebenzayo yokuqesha iinqununu.
- 3.5. Izithili zeMfundo:** Urhulumente makacacise iindima nemisebenzi yee-ofisi zezithili zemfundo ukwenzela ukuba abonelele ngenkxaso ejoliswe kwiithagethi ezithile ngokuqaphela izizathu zokungaqhubi kakuhle kwazo. Ii-ofisi ke ngoko kufuneka zibonelele ngamaphulo ongenelelo ngoncedo owona omsebenzi wokufundisa ogqwesileyo.
- 3.6. Abazali** Abazali bathatha inxaxheba kwimfundo yabantwana babo yaye banikwa ingcaciso eluncedo ukuxhasa le ndima yabo.
- 3.7. Ingcaciso:** Mayifumaneke ingcaciso yaye isetyenziswe ekucwangciseni nasekubekeni esweni inkqubela.
- 3.8. ITekhnoloji yeNgcaciso (Information Technology)** Malufumaneke unxibelelwano lwe-intanethi olukhawulezileyo oluyi-*High-speed broadband* ukunika inkxaso ukufunda.
- 3.9. Iziseko zophuhliso:** Iziseko zophuhliso ezizinto zokuqala (*basic*) kufuneka zibekho kuzo zonke izikolo yaye zonke izinto ezisilelayo ukwenziwa ziqwalaselwe.
- 3.10. ULwimi:** Izigqibo ngokufundwa kolwimi ezikolweni kufuneka zisuselwe kokwenzeka kwiindawo zengqesho (*labour market*). Kucetyiswa ukuba kufundiswe imfundo ekumgangatho ophezulu ngolwimi lweenkobe nesiNgesi ukuqalela kwimfundo yabantwana abasaqalayo.

4. Ucazululo lweeMeko eziQhubekayo oluhlaziyiweyo

4.1. Imeko engqonge uKwenziwa kweeNkonzo

Umgangatho wokufunda


Imfundo kwizikolo eziziiprayimari: ULwimi neMathematika kumaBakala 3, 6 no-9 eNtshona Koloni

Ukususela ngo-2002 ukuya ku-2009, iSebe iWCED labhalisa iimvavanyo zolwimi nemathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 kwiminyaka ekushiywa ube mnye phakathi (*alternate years*) ukwenzela ukulandelela inkqubela yabo nokufumanisa ingxaki. Ngo-2010 iSebe iWCED, lavavanya okokuqala ngqa, bonke abafundi bamaBakala 3, 6 no-9 ukujongisisa imeko yokufunda ulwimi nemathematika kwisikolo ngasinye kwiphondo. Eli ibilithuba lokuqala ngqa lokuvavanywa kwabafundi beBakala 9. Uvavanyo lweBakala 9 yayiliphulo lokulinga (*pilot exercise*) ukumisela uvavanyo lokwandlalela. Ngo-2011, iSebe iWCED landisa inqanaba lemingeni efuna ingqondo ezikisayo ukucinga (*cognitive challenge*) kwiimvavanyo ngakumbi kwiimvavanyo zolwimi, ukwenzela ukubeka eyona milinganiselo izezantsi ingumzekelo kwiphondo. Kwabandakanywa, ngokukodwa, iitheksti ezinde noko nezintsonkothe ngakumbi kwezi mvavanyo ukwenzela ukuzenza ezi zihloko zovavanyo zibe nokuthelekiseka nezo zisetyenziswe kula manqanaba okulinganisela amazwe ngamazwe

Iimvavanyo zibhalwa ngo-Oktobha kunyaka ngamnye yaye iziphumo zinikwa izikolo kwiveki yokuqala yekota yokuqala. Iziphumo zisetyenziswa zizikolo ukucwangcisa imisebenzi yokufunda yonyaka nokwenza iziCwangciso oPhuculo lweSikolo (*School Improvement Plans*) zazo neethagethi zonyaka ochaphazelekayo. Ukongeza apho, iziphumo zisetyenziswa zizithili ukucwangcisa inkxaso efanelekileyo yezikolo.

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2013 IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo						
	IBakala 3		IBakala 6		IBakala 9	
	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi
Ababhalayo	81 883	81 888	73 908	73 900	79 699	74 534
Abapasayo	45 036	30 299	20 916	21 800	10 682	35 627
I-% Yabapasayo	55	37	28	30	14	48
Amanqaku angumndilili	51	43	39	39	29	51

Ukupasa ngamanqaku angu-50%. Amanqaku ovavanyo abonisa ukuzinza kodwa kukho ukuphucuka kancinane kumanqaku eMathematika. Ukuhla kwiReyithi yokuPasa kuLwimi kumaBakala 3 no-6 kuya kucazululwa yaye Aya kususelwa kuwo amaphulo ongenelelo ngoncedo kwizikolo ezithile.



ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*)

Unyaka ka-2013 yayingunyaka wesithandathu weemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC). Kubekho inkxaso enkulu enikwe izikolo zaseNtshona Koloni. INtshona Koloni iphumelele ngereyithi yokupasa engu-85.1%. Ngo-2013, bekukho abaviwa abayi-3 566 ngaphezulu abapasayo kunango-2012 nabayi-3 158 abangaphezulu abapasayo nababanako ukungenela izifundo zeprogram yeSidanga sokuQala. Bayi-12 216 abafundi abapasa iMathematika ngereyithi yokupasa engu- 73.3%. Kwi-Physical Science, ireyithi yokupasa ka-2013 yaba ngu-72.6%, ukunyuka ukusuka kwinqanaba lango-2012 elingu-70.9%. Inani labapasayo ngu- 8 333.

Iziphumo ii-WCED Comparative NSC results 2009 - 2013						
Unyaka	Ababhalayo	Abapasayo	I-% yabapasayo	Abanokungenela isiDanga sokuQala	I-% yabanokungenela isiDanga sokuQala	Izikolo ezinereyithi yokupasa <60%
2009	44 931	34 017	75.7	14 324	31.9	85
2010	45 783	35 139	76.8	14 414	31.5	78
2011	39 988	33 146	82.9	15 215	38.1	30
2012	44 700	36 992	82.8	16 319	36.5	26
2013	47 636	40 558	85.1	19 477	40.9	23

Amanani abemi, amanqanaba emfundo nokwandiswa kwamanani obhaliso


Amanani abemi eNtshona Koloni akhulile ukususela kubalo-bantu lwango-2001 yaye ayaqhubeka ukukhula. Ngokwengqikelelo yamanani abantu beli akhutshwe phakathi enyakeni ngo-2011 nguStatistics South Africa (StatsSA), iNtshona Koloni ilikhaya kubantu abamalunga ne-5 822 734 yezigidi abamele i-11 % yenani lilonke labemi boMzantsi Afrika. Inani labemi likhule ngo-by 28.7% phakathi ko-2001 no-2011.

Kubekho ukwanda kumanani abafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

Icandelo	2011	2012	2013	2014	Umahluko
				I- SNAP	2011 – 2014
IBakala R kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	50 495	58 953	59 565	62 067	11 572
AmaBakala 1-12 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	921 776	934 992	948 595	963 390	41 614
Izikolo zefundo eneemfuno ezizodwa	18 878	19 470	19 627	17 945 ¹	-933

Abantu abadala baseNtshona Koloni bagqibe iminyaka yokufunda engumndilili ongu-9.9. Eli nani ligqithwe kuphela yi-Gauteng ngo-10.5. Umndilili kazwelonke ngu-9.3. Abo banematriki bayinxalenye ye- 41.4% yabemi boMzantsi Afrika. Ubalo-bantu lwango-2011 luyakungqina ukuyeka kwasekuqaleni kolutsha lungagqibanga esikolweni eNtshona Koloni yaye yi-75% yolutsha oluphakathi kweminyaka eyi-17 – 19 olusesikolweni.

Kukho iimpawu zokuphucuka komgangatho kulo mba njengoko oku kunokulandelelwa kwezi nkukacha-manani zilandelayo.



Iprogram yokulungiswa komonakalo wangaphambili

ISebe iWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente nemibutho yabahlali, lidlala indima yokuthibaza ifuthe lentlupheko nolwaphulo-mthetho ekufundeni ngezi ndlela zine zilandelayo:

1. Izikolo ezingabizi zifizi nokuxolelwa kwabazali ekuhlawuleni iifizi kwizikolo ezibiza ifizi;
2. ukubonelelwa ngokutya ezikolweni nge-National School Nutrition Programme (NSNP);
3. izikum zothutho lwabafundi kunye
4. namanyathelo okhuseleko.

¹ Makuqatshelwe ukuba amanani obhaliso athathwe ngosuku lweshumi luka-2014. Inani elipheleleyo labafundi kwiZikolo zeMfundo eneemfuno eziZodwa lingaphantsi kwelika-2014 ngenxa yokuhlelwa kwakhona kwezikolo ezithathu njengeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo.

Inani labafundi abaya kuxhamla kwezi ndlela zenkxaso kwezentlalontle ngo-2014 leli lilandelayo:

	2010	2011	2012	2013	2014
Abafundi abaxhamla kudidi lwezikolo ezingabizi zifizi (NQ 1 - 3)	365 112	365 812	370 617	371 122	552 891
Abafundi abaxhamlayo ngokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi	<i>New PPI</i>	48 063	69 940	90 506	<i>Application invited</i>
Abafundi abaxhamla kwiprogram yesondlo (<i>nutrition programme</i>) (NQ 1 - 3)	415 829	426 707	427 576	438 437	445 000
Abafundi abasebenzisa iskim sothutho lwabafundi	48 786	50 992	50 526	49 944	50 000
Abafundi abaxhamla kwiprogram yezikolo ezikhuselekileyo	258 700	310 000	393 000	410 000	47 000

limali ezabiwa ngokweMimiselo neMigangatho yolwabiwo-mali ezikolweni zilinganiselwa ngokweemfuno ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abathwaxwa yintlupheko zabelwe imali engaphezulu.

Izixa "ngomfundi ngamnye" ezahlawulwa kwizikolo zikarhulumente kumaNqanaba eNtlupheko 1, 2 no- 3 zenziwe zalingana ukususela ngo-2013/14; ngamanye amazwi, izikolo ze-NQ 2 no- 3 zafumana eso sixa-mali sifanayo njengezikolo eziku-NQ 1.

Izabelo zeeThagethi zikaZwelonke			
	2012/13	2013/14	2014/15
INqanaba 1	R960	R1 010	R1,059
INqanaba 2	R880	R1 010	R1,059
INqanaba 3	R880	R1 010	R1,059
INqanaba 4*	R481	R 550	R 830
INqanaba 5*	R213	R 239	R 317
* <i>lindleko ezingumndilili kuzo zonke izikolo</i>			

lindleko zokwenza kulingane ezi zixa zamaNqanaba eNtlupheko 2-3 ngomfundi ngamnye iya kuba yi-R26m yezigidi ngo-2014/15.

Imeko yeefizi	Inani lilonke lezikolo
Ezingabizi zifizi	887
Izikolo ezibiza iifizi	570
Itotali iyonke	1 457

Omnye umba obalulekileyo wenkqubela ka-2014 kukwandiswa kweprogram yezikolo ezingabizi zifizi. Izikolo eziyi-216, ezinabafundi abayi-172 541, abakumaNqanaba eNtlupheko 4 no- 5 zisamkele isicelo sokuba zibe zizikolo ezingabizi zifizi. Esi sicelo sasiwa nakwezo zikolo ezazibiza iifizi zesikolo ezingaphantsi ko-R400 ngonyaka.

Izikolo ezibiza iifizi zesikolo zinokwenza isicelo sokubuyiselwa iintlawulo zabazali abaxolelweyo ekuhlawuleni iifizi abangenako ukuhlawula iifizi. Ngo-2012 iSebe iWCED labuyisela izikolo izigidi eziyi-R31m ngenxa yokuxolelwa kwabazali ekuhlawuleni iifizi. Ngo-2013, kwahlawulwa izigidi eziyi-R42m ukunika inkxaso abafundi abayi-90 506 kwizikolo eziyi-700.

I-National School Nutrition Programme (NSNP) iya kubonelela ngaphezu kwabafundi abayi-440 000 ngokutya okunesondlo yonke imihla kwiZikolo eziziiPrayimari, kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa nakwiZikolo eziziiSekondari ezithagethiweyo eziyi-1 020. Abafundi abaza kondliwa ngabakwizikolo eziziiPrayimari eziyi-562 kumaNqanaba eNtlupheko 1 – 3; eziyi-108 kumaNqanaba eNtlupheko 1 – 3 ezizisekondari; zibe yi-39 izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nabafundi abakhethwe kwizikolo eziyi-311 kumaNqanaba eNtlupheko 4-5 kwiZikolo eziziiPrayimari nakweziziiSekondari.

Iimenyu eziphekiweyo zibandakanya irayisi, umngqusho, i-soya *mince*, intlanzi ye-*pilchards* nemifuno. Ukutya okungaphekwayo kubandakanya isonka esinepinathibhatha nejem, iziselo ezinesondlo, iziqhamo ezifreshi nemifuno. Kunyaka-mali ka-2012/13, iSebe iWCED laqalisa isidlo sakusasa esilingwayo iintsuku ezintathu (3) ngeveki.

Ukususela kunyaka-mali ka-2013/2014, i-NSNP yeSebe iWCED yababonelela ngesidlo sakusasa iintsuku ezintlanu ngeveki, kunye neesiriyeli ezahlukeyo ezibonelelwayo. Isidlo sakusasa sinikwa phambi kokungena kwesikolo size esasemini sinikwe ngo-12:30. Oku kuya kuqhubeka nango-2014.

IProgram yeZikolo eziKhuselekileyo (*Safe Schools Programme*) inesicwangciso esintlantluntathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: ukubonelelwa kwezikolo ngeenkqubo zokhuseleko (*security mechanisms*), iiprogram ezimalunga neendlela zokucinga nezeendlela zokuziphatha nezokunxibelelana nabachaphazelekayo abafanelekileyo. ISebe iWCED lineZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*), apho kunokuxelwa imiba ngemiba emalunga nobundlobongela obuqhubeka ezikolweni; ukunika iingcebiso ngokusebenzisa iZiko leeFoni kwabo bantu baxhelekileyo (*traumatised individuals*).

Iziko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo lifumana iifoni eziye kufikelela ku-20 000 ngonyaka. Imibuzo emininzi zizicelo zengcaciso emalunga nokuba zingasingathwa njani na izoyikiso ezithile, ingcaciso emalunga neHIV/AIDs, ukukhulelwa kolutsha olusafikisayo okanye iinkqubo zokuziphatha kakubi. Ezinye iifoni zimalunga nohlukunyezo (emzimbeni, ngokweemvakalelo, nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi). Iziko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo linika inkxaso ngokuqala lithomalalise umothuko kusetyenziswa ifoni, lize libagqithisele abo bafuna uncedo kwiingcali ukufumana iingcebiso ngokunzulu, ukuba oko kuyimfuneko.

Izikolo ezitsha eziyi-50 ngonyaka zifakelwa izixhobo zokuxhasa ukhuseleko. Kubalulekile ukuba izikolo zigcinwe zikhuselekile ngokusetyenziswa kwamanyathelo okhuseleko (*physical safety measures*), ngentsebenziswano neNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika naweMetro (*South African Police Services neMetro Police*), nokuthatha inxaxheba kwabahlali ekukhuseleni izikolo. Ukongeza apho, iSebe iWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente no-SAPS, liya kuqhubeka nokwenza uhlobo olungacwangciswa (*random inspections*) nokuvavanyelwa izinyobisi nezixhobo ezikolweni.

Ngo-2014, iSebe iWCED liya kubonelela ngeenkqubo zokhuseleko kwizikolo eziyi-50 ezongezelelweyo. Siya kwandisa iiprogram zeholide nezasemva kwexesha lokuhamba isikolo ngeeprogram zophuhliso lolutsha nokunika inkxaso iiKlabhu zoLutsha zeZikolo eZikhuselekileyo.

Iskim sothutho lwabafundi njengangoku, sibonelela ngezithuthi ezizibhasi ukuya nokubuya esikolweni kubafundi abayi-50 000, abakwiindawo ezisemaphandleni ikakhulu. Ukubekwa esweni okungqongqo kwale nkqubo kuyimfuneko ukuqinisekisa ukhuseleko lwabafundi. Umgaqo-nkqubo ubonelela ngezithuthi kubafundi abahlala kumgama ongaphezu kweekhilomitha ezi-5 ukuba kude kwesona sikolo sikufutshane. Amanani abafundi akhula okokoko ayaqhubeka ukuba ngumngeni ngokubhekiselele koku. Njengangoku kukho iindlela eziyi-516, nezikwingingqi yasemaphandleni ikakhulu.

Imeko eqhubeka kwiphondo

URhulumente weNtshona Koloni uqaphele iinjongo zoBuchule zePhondo (*Provincial Strategic Objectives (PSO)*) eziyi-12. ISebe iWCED lisebe elikhokelayo kwi-*Provincial Strategic Objective 2* ("Ukuphucula iziphumo zokufunda") yaye liyazixhasa ezinye iinjongo ezilishumi elinanye ngeendlela ngeendlela nangokushiya-shiyana.

I-*Provincial Strategic Objectives (PSO)* zimi ngolu hlobo lulandelayo:

- PSO 1: Ukudala amathuba okuhluma koqoqosho nawemisebenzi
- PSO 2: Ukuphucula iziphumo zokufunda zemfundo
- PSO 3: Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwinkqubo yezothutho ekhuselekileyo nesebenza ngempumelelo
- PSO 4: Ukwandisa iMpilo Qete
- PSO 5: Ukwandisa ukhuseleko
- PSO 6: Ukuphucula iindawo zokuHlalisa aBantu ezineenkonzelo ezininzi neziya kuhlala zikho ixesha elide
- PSO 7: Ukwenza iinkonzelo eziya kuhlala zikho ixesha elide yaye zenziwe ngempumelelo
- PSO 8 & 9 :Ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwezentlalontle nokunciphisa intlupheko
- PSO 10: Ukuhlanganiswa kokwenziwa kweenkonzo ukuze zibe nelona galelo likhulu
- PSO 11: Ukwandisa amathuba okuhluma koqoqosho nophuhliso lweendawo ezisemaphandleni
- PSO 12: Ukwakha urhulumente wengingqi ongoyena ulawulwa ngokugqwesileyo ehlabathini.

Iinkalo ezithile zentsebenziswano namanye amasebe karhulumente zibandakanya iiprogram zokusebenzisana kwamasebe zasemva kokuphuma esikolweni (*after school programme*), uPhuhliso lwaBantwana aBasaqalayo ukufunda (*Early Childhood*) nayo yonke eminye imiba emalunga nokhuseleko nezempilo efana neeprogram zeziyobisi nezinye iiprogram zezentlalo ezizii-*social relief programmes*. Njengenxalenye yenkqubo kaRhulumente waseNtshona Koloni yokuthintela imikhwa yokuziphatha engafunekiyo, nokubonelela ngamathuba amahle angamanye kulutsha, iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (*Department of Cultural Affairs and Sport (DCAS)*) liqalise amaziko azii-*Sport MOD centres (Mass participation, access to Opportunity and Development)* kwizikolo eziyi-181 kwizithili zemfundo ezisibhozo. Amaziko ayi-98 kula asekwazi kwizikolo eziziprayimari ngo-2011. Iiprogram ziqhutywa emva kokuphuma kwesikolo yaye zinika abafundi amathuba okuprekhtiza imidlalo nezinye izinto zokuphuhlisa izakhono zabo. Zombini iiprogram, eyeZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools*) neProgram yoPhuculo lweSikolo (*School Enrichment*) zeSebe iWCED ziqhagamashelene namaziko azii-*MOD centres*.

4.2. Imeko engqonge iSebe

ISebe linenjongo yokukhuthaza umoya wokwenza inkonzo ngendlela yokuba kuphendulwe ngokukhawuleza iimfuno zoluntu kunye nokwenza inkonzo ngempumelelo kwaye nokuphucula iinkqubo neendlela zokwenza umsebenzi weSebe. UNdlunkulu nee-ofisi zezithili ezisi-8 zeSebe iWCED, zenziwe ngohlobo lokuba zinike inkonzo ethi iphendule ngokukhawuleza kwiimfuno zoluntu nenika inkxaso ezikolweni nakootitshala.

ISebe iWCED lenziwa yi-ofisi yomphathiswa wezemfundo, ephethwe nguMphathiswa wezemfundo eNtshona Koloni, undlunkulu wephondo, zii-ofisi zezithili namaziko emfundo, kubandakanywa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, izikolo ezineemfuno ezizodwa, iikholeji zeFET, amaziko emfundo abantu abadala namaziko e-ECD. Ikholeji zeFET namaziko emfundo oluntu achazwe kwesi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka kodwa njengoko kuchatshazelwe kule mithetho ingezantsi, ulawulo lwawo lusekwisigaba sotshintsho (*transitional stage*) ngokuxhomekeke ekugqityweni kwazo zonke iinkcukacha zokutshintshelwa kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*).

Ezi theyibhile zingezantsi zibonisa inani labaqeshwa nezithuba zengqesho kwiSebe iWCED. Makuqatshelwe ukuba la manani ayatshintsha-tshintsha ngokuxhomekeke kwixesha lonyaka. Amanani kwiProgram 5 no-6 achatshazelwe ziinguquko kwi-Higher Education sector.

Ezengqesho nezithuba ngeProgram, 31 Disemba 2013							
Iqela labasebenzi	Iprogram	Inani lezirthu ba ezixhaswa ngezimali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani leZithuba eziXhaswa ngemali	I-1% yereyithi yeZithuba	Inani labantu abongezeleleki leyo kwiziko	Inani labaqeshwa lilonke
Bonke abasebenzi	Iprogram 1	835	41	782	6%	15	797
	Iprogram 2	33 892	65	34 230	0%	314	34 544
	Iprogram 4	3 047	9	2 845	7%	28	2 873
	Iprogram 5	1 330	99	966	27%	0	966
	Iprogram 6	12	0	8	33%	0	8
	Iprogram 7	14	0	201	0%	0	201
	Iprogram 8	0	0	13	0%	0	13
	Iprogram 9	1 360	112	1 224	10%	33	1 257
	ITotali	40 490	326	40 269	1%	390	40 659

Ezengqesho nezithuba ngeProgram, 31 Disemba 2013							
Iqela labasebenzi	Iprogram	Inani lezithuba ezixhaswa ngezimali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	I-1% yereyithi yeZithuba	Inani labantu abongezelelekileyo kwiziko	Inani labaqeshwa lilonke
Oofitshala	Iprogram 1	97	7	107	0%	5	112
	Iprogram 2	27 707	1	28 159	0%	155	28 314
	Iprogram 4	1 917		1 880	2%	12	1 892
	Iprogram 5	885		804	9%		804
	Iprogram 6	4		2	50%		2
	Iprogram 7	14		201	0%		201
	Iprogram 8			1	0%		1
	Iprogram 9	785	14	696	11%	20	716
	ITotali	31 409	22	31 850	0%	192	32 042
Abasebenzi beNkonzo kaRhulumente	Iprogram 1	738	34	675	9%	10	685
	Iprogram 2	6 185	64	6 071	2%	159	6 230
	Iprogram 4	1 130	9	965	15%	16	981
	Iprogram 5	445	99	162	64%		162
	Iprogram 6	8		6	25%		6
	Iprogram 7				0%		0
	Iprogram 8			12	0%		12
	Iprogram 9	575	98	528	8%	13	541
	ITotali	9 081	304	8 419	7%	198	8 617

Ezengqesho nezithuba ngokwamaCandelo eMivuzo nge-31 Disemba 2013							
	Icandelo lomvuzo	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	I-1% yereyithi yeZithuba	Inani lezongezelelwe kwezo zixhaswa ngezimali (Ngaphandle kweepriprayimari)	Inani labaqeshwa lilonke
Bonke abasebenzi	Abanezakhono (AmaNqanaba [SL] 3-5)	5 070	55	4 607	9%	72	4 679
	Isiveliso sabanezakhono eziphezulu (AmaNqanaba 6-8)	2 794	72	2 533	9%	74	2 607
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza	28 880	38	29 606	0%	173	29 779
	Abaphathi abazizikhulu (AmaNqanaba 13-16)	50	0	47	6%	2	49
	ITotali	40 180	302	40 043	0%	373	40 416
Oofitshala	Abanezakhono ezisezantsi	0	0	0	0%	0	0
	Abanezakhono (amanqanaba 3-5)	843	0	786	7%	0	786
	Isiveliso sabanezakhono eziphezulu (AmaNqanaba 6-8)	1 612	0	1 456	10%	20	1 476
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza	28 658	18	29 417	0%	168	29 585
	Abaphathi abazizikhulu (AmaNqanaba 13-16)	0	0	0	0%	0	0
ITotali	31 113	18	31 659	0%	188	31 847	
Abasebenzi beNkonzo kaRhulumente	Abanezakhono ezisezantsi	3 386	137	3 250	4%	52	3 302
	Abanezakhono (amanqanaba 3-5)	4 227	55	3 821	10%	72	3 893
	Isiveliso sabanezakhono eziphezulu (AmaNqanaba 6-8)	1 182	72	1 077	9%	54	1 131
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza	222	20	189	15%	5	194
	Abaphathi abazizikhulu (AmaNqanaba 13-16)	50	0	47	6%	2	49
ITotali	9 067	284	8 384	8%	185	8 569	

I-oganogram iqhotyoshelwe njengesihlomelo F.

4.3. Uhlaziyo lweMithetho neZinye iziGunyaziso

a. IZikolo

UMthetho i-*Basic Education Laws Amendment Act, 15 of 2011*, waqalisa ukusebenza nge-19 Septemba 2011. Injongo yalo Mthetho phakathi kwezinye izinto, kukusingatha imiba yokusekwa kweSebe leMfundo esiSiseko nemiba enxulumene noku; ukufakela izilungiso kuMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kaZwelonke (*National Education Policy Act (NEPA)*) nakuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*); kuMthetho weNgqesho yooTitshala (uMthetho 76 ka-1998) (*Employment of Educators Act (Act No. 76 of 1998)*); kuMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (uMthetho 31 ka-2000) (*South African Council for Educators Act (Act No. 31 of 2000)*) nakuMthetho i-*General and Further Education and Training Quality Assurance Act (Act No. 58 of 2001)*. Lo Mthetho ukwabonelela iintlobo ngeentlobo zezikolo ezineemfuno ezizodwa, imisebenzi eyongezelelweyo yeenqununu zezikolo noqeqesho lwamabhunga olawulo yimibutho yamabhunga olawulo eyaziwayo.

Nge-8 Januwari 2013, uMphathiswa weMfundo esiSiseko wapapasha iMimiselo ii-*Regulations Relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure*, kwiGazethi kaRhulumente No. 36062 ngenjongo yokuba kuvakaliswe izimvo. Le Mimiselo yapapashwa ngokweSiqendu 5A(1)(a) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), umhla we-15 Matshi 2013 yayingumhla wokuvala ukuvakaliswa kwezimvo. Emva kopapasho lokuqala, imimiselo ehlaziyiweyo ii-*Regulations relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure* yapapashwa ngenjongo yokuba kuvakaliswe izimvo kwiGazethi No. 36837, yomhla we-12 Septemba 2013, nomhla wokuvala ukuveza izimvo oyi-11 Oktobha 2013. Kwakuba kuqwalaselwe iikhomenti yaye kwathetha-thethwana noMphathiswa wezeMali, uMphathiswa wezeMfundo esiSiseko, wamisela iMimiselo ii-*Regulations relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure* njengoko ipapashiwe nge-29 Novemba 2013 kwiGazethi kaRhulumente No. 37081.

ISebe leMfundo esiSiseko lifakele izilungiso kwi-*National Norms and Standards for School Funding* ukususela nge-1 Apreli 2011. Izilungiso ziphethe umxholo wokubonelelwa ngengxowa-mali yokusetyenziswa (*operational funds*) kwizikolo ezingabizi zifizi kunye nembuyiselo yokuxolelwa ekuhlawulweni iifizi (*compensation for fee exemptions*) kwizikolo ezibiza iifizi (Paragraph 170A). Esi silungiso samva sivumela iiMvavanyo ii-*Annual National Assessments* kumaBakala 3 no-6 kwizikolo zikarhulumente, ukuba zisetyenziswe ngengomlinganiselo wokujonga inkqubo yabafundi kwezo zikolo zizimeleyo zikufaneleyo ukufumana inkxaso-mali.

INkcazo yeKharithulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) iye yacokiswa yaza yahlaziywa yayi- *Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)*. I-CAPS icacisa ixesha lokufundisa lesifundo ngasinye, ikhontenti, izakhono, nezibonelelo i-*Learning and Teaching Support Materials (LTSM)* eziyimfuneko nomlinganiselo wobungakanani bamanqaku ovavanyo (*assessment weightings*) nemigqaliselo kuxwebhu olunye. I-CAPS yaphunyezwa kwiSigaba seSiseko nakwiBakala 10 ngo-2012, yaye iya kuphunyezwa kwiSigaba esiPhakathi nakwiBakala 11 ngo-2013, nakwiSigaba saBadala nakwiBakala 12 ngo-2014.

Nge-1 Apreli 2010, kwaqala ukusebenza ezinye izilungiso ezenziwe kwi-*Children's Act (Act No. 38 of 2005)*. NgokweSiqendu 196 (3) se-*Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)*, ezo zikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo (*schools of industry and reform schools*), eziluxanduva lweSebe leMfundo lephondo njengangoku, ziba luxanduva lweSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development*), kwiminyaka emibini siqalile ukusebenza isahluko

esichaphazelekayo kulo Mthetho. Ngenxa yesigqibo seNkundla yoMgaqo-siseko ngokubhekiselele kumba we-Teddy Bear Clinic for Abused Children and Another v Minister of Justice and Constitutional Development and Another, CCT 12/13, phakathi kwezinye izinto, uMthetho oYilwayo i-Judicial Matters Amendment Bill wandlalwe ePalamente, yaye ufuna phakathi kwezinye izinto, ukufakela izilungiso, kwiMithetho i-Children's Act, 2005, i-Child Justice Act, 2008, the Criminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, 2007, kubandandakanywa noMthetho wokuKhuthaza uKwazi ukuFikelela kwiNgcaciso, 2000 (Promotion of Access to Information Act), 2000. Ezi ziqwengana kugxininiswa kuzo apha zezilungiso ezicetywayo zifaneleke ngakumbi kwezemfundo njengoko zijongene, phakathi kwezinye izinto, neziqendu ezithathwa yiNkundla yoMgaqo-siseko njengezinyasha amalungelo abantwana omgaqo-siseko ngaphandle kwezizathu, iRejista i-National Register for Sex Offenders nokucinywa kwerekhodi zamatyala (expungement of records), nethuba lexesha elivumelekileyo lokufikelela kwingcaciso ngokoMthetho wokuKhuthaza uKwazi ukuFikelela kwiNgcaciso, 2000 (Public Access to Information Act (PAIA)).

Amaphulo ongenelelo ngoncedo omthetho amatsha ephondo

IMimiselo eyiDrafti engokuXelwa kweNxaxheba esiSabelo soMntu yaMalungu amaBhunga oLawulo ekuThengweni kweMpahla neeNkonzo zeZikolo zikaRhulumente (Draft Regulations relating to the Declaration of Personal Interest of Members of Governing Bodies in the Procurement of Goods and Services for Schools, ngokweSiqendu 63(1)(cD) soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni (Western Cape Provincial School Education Act), 1997, yapapashelwa ukuba uluntu luvakalise izimvo zalo kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 7179, yomhla we-18 Novemba 2013, yaza yathunyelwa ezikolweni ngeSetyhula No. 0052/2013 ukwenzela ukuphunyezwa kwayo ngo-2014. Le Mimiselo yenzelwe ukumisela inkqubo kumalungu ebhunga lolawulo yokuxelwa kwenxaxheba esisabelo somntu xa kusingethwe imibandela emalunga nokuthengwa kweempahla neenkonzo zezikolo, ukuze ngokwenjenjalo kulawulwe ukungqubana kweemfuno phakathi kwelungu nesikolo.

IMimiselo ngokoMthetho weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997), yomhla we -15 Disemba 2011, ilungiswe ngolu hlobo lulandelayo:

- 1) IMimiselo eyiDrafti ii-Draft Regulations relating to the Admission of Learners to Public Schools for Learners with Special Education Needs, ngokwesiqendu 63(1), efundwa kunye nesiqendu 20A(2), yapapashwa ngenjongo yokufumana izimvo zoluntu kwiProvincial Gazette Extraordinary Number 7187 nge-18 Oktobha 2013. Izimvo ezifunyenweyo ziyaqwalaselwa ukuze kugqitywe ngale Mimiselo. Le Mimiselo iyidrafti yenzelwe ukuchaza inkqubo yovavanyo, inkxaso nokwamkelwa kwabafundi ezikolweni zikarhulumente kwabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo.
- 2) IMimiselo emalunga neMisebenzi yamaGosa ajongene nokuHamba iSikolo (Draft Regulations on the Duties of Attendance Officers), yapapashwa kwiProvincial Gazette Extraordinary Number 7176, yomhla we-27 Septemba 2013 ukwenzela ukuba uluntu luvakalise izimvo. Izimvo ezifunyenweyo zithathelwe ingqalelo yaye iMimiselo yokugqibela ii-Regulations on the Duties of School Attendance Officers ipapashwe kwiGazethi yePhondo Provincial Gazette Extraordinary Number 7205, nge-2 Disemba 2013. Le Mimiselo imisela imisebenzi yamagosa okuhamba isikolo kwabafundi; ichaza izizathu ezivakalayo zokungabikho esikolweni yaye inika iinkcukacha malunga nesaziso esibhaliweyo esiya kubazali ukwenzela ukujongana nombaba wokuhanjwa kwesikolo ngabafundi okunyanzelekileyo kubafundi abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo nokungathotyelwa kwemigaqo ngabazali abachaphazelekayo. Zazazisiwe izikolo zikarhulumente ngale Mimiselo ngeSetyhula No. 0002 ka-2014.

- 3) IMimiselo ii-Draft Regulations relating to the Representative Council of Learners iya kuxhobisa uMphathiswa wePhondo ekumiseleni imisebenzi neenkqubo zokusekwa nonyulo lwamaBhunga aMele aBafundi (Representative Councils of Learners). Ikwabonelela neendima nemisebenzi yooTitshala abangamaGosa oQhagamshelwano (Teacher Liaison Officers) nemisebenzi ehamba kunye naleyo yeGosa loNyulo (Electoral Officer) ukulungiselela unyulo lweBhunga eliMele aBafundi. Le Mimiselo nayo iya kupapashwa nayo kwi-Provincial Gazette Extraordinary ngenjongo yokuba uluntu luvakalise izimvo zalo. Le Mimiselo iyiDrafti isephantsi koqwalaselo liCandelo lezeMithetho le-Ofisi yeNkulumbuso, phambi kokuba ipapashwe kwiGazethi yePhondo ngenjongo yokuba uluntu luvakalise izimvo zalo.
- 4) IMimiselo ii-Draft Regulations relating to the Issuing of Performance Indicators Binding on Public Schools, eyenziwa yiNtloko yeSebe, imisela izalathi-nkqubela kwizikolo zikarhulumente ukwenzela ukubeka esweni nokuvavanya indlela izikolo zikarhulumente eziqhuba ngayo kwizifundo ukunceda iSebe libe nako ukuncedisa, licebise yaye linike inkxaso efunekayo ukunceda izikolo zikarhulumente ezichaphazelekayo ziqhube bhetele. Le Mimiselo njengangoku iyaqwalaselwa ngabomthetho yaye iya kupapashwa ngenjongo yokuba uluntu luvakalise izimvo zalo.
- 5) IMimiselo ephathelele kuLuleko, ukuNqumamisa nokuGxotha abafundi kwiZikolo zikaRhulumente eNtshona Koloni, (Regulations relating to Disciplining, Suspension and Expulsion of Learners at Public Schools) yabhengezwa ngokweSiqendu 63(1)(cE), kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 6932, neqale ukusebenza ukususela nge-1 Apreli 2012. Kufuneka izikolo zingqinelanise iMigaqo yoKuziphatha kwabafundi yazo nale Mimiselo yaye zilandele imigangatho ii-substantive and procedural standards emiselwe kule Mimiselo malunga nemibandela engokuziphatha kakubi kwabafundi.
- 6) IMimiselo ePhathelele kuTyelelo eZikolweni noVavanyo oluChaphazela izikolo zikaRhulumente kunye neZikolo eziZimeleyo eziNikwa iNkxaso-mali (Regulations relating to Visitation and Assessment of Public and Subsidised Independent Schools), yaphunyezwa ngokweSiqendu 63(1)(cG) soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997, (uMthetho 12 ka-1997) kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 6976, yomhla we-29 Juni 2012. Le mimiselo imalunga novavanyo lwentsebenzo nokubeka esweni ukuthotyelwa kwayo ngokungqinelana neMimiselo neMigangatho yePhondo nekaZwelonke yaye yaziswa izikolo ngesetyhula 0026/2012.
- 7) IMimiselo ephathelele kweZona Yure ziseZantsi zokuFundisa kwiVeki yeSikolo nganye nakuSuku lweSikolo ngalunye kwiZikolo zikaRhulumente eNtshona Koloni (Regulations relating to the Minimum Teaching Hours per School Week and School Day in Public Schools in the Western Cape), yabhengezwa ngokweSiqendu 63(1)(c)(cC) kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 7065, yomhla we-28 Novemba 2012 yaye yaqaliswa ezikolweni ngeSetyhula 0044/2012. Le Mimiselo ibonelela ngeeyure ezizezona zisezantsi zokufundisa zesifundo ngasinye kwisigaba ngasinye, imigqalisela ngokubanzi emayisetyenziswe xa kubalwa ezona yure zisezantsi ngeveki nangosuku lwesikolo ngalunye, izicwangciso zenkxaso zesifundo ngasinye nemihla eyahlukileyo yokuphunyezwa kwazo.

ISikhokelo esingoKhuseleko lweeNdawo zokuDlalela aBafundi Phandle kwiZikolo zikaRhulumente (A guideline on Playground Safety at Public Schools) sele sigqityiwe yaye singeniselwe ukuba sivunywe nguMphathiswa ophathiswe ezemfundo eNtshona Koloni. Esi sikhokelo sibonelela ngeendima nemisebenzi zabasebenzi (staff members) ngokumalunga

nokhuseleko lwabafundi kwiindawo zokudlalela phandle, imiphezulu yeendawo zokudlalela phandle abafundi, izityalo ezinetyhefu okanye ezingafanelekanga, kwakunye nengcebiso ngokukhethwa kwezixhobo zeendawo zokudlalela phandle abafundi. Sibandakanya izihlomelo ezijongene neesaveyi zendawo engqonge izikolo (*basic environmental surveys*), amanyathelo okhuseleko xa kuthengwa okanye kufakwa izixhobo zendawo yokudlalela abafundi nokuhlolwa nokulondolozwa kwezixhobo.

b. IiKholeji zeFET nezeMfundo yaBadala (Adult Education.)

Kwasekwa iSebe i-*Department of Higher Education and Training (DHET)* ngoMeyi 2009 ngenjongo yokuba iya kuba lilo ekugqibeleni eliya kujongana namaziko emfundo ephakamileyo, iikholeji zeFET, iiSETAs naweMfundo yaBadala noQeqesho (*Adult Education and Training (AET)*). I-DHET namasebe emfundo amaphondo asayine imvumelwano i-*protocol of agreement* engokutshintshwa nokuphathwa nokulawulwa kwazo okwethutyana ezi Kholeji zeFET yaye i-DHET icele amaphondo ukuba anyule iikomiti ii-*technical task teams* ukulungiselela ukulawula ukutshintshwa kwemisebenzi emalunga neeKholeji zeFET ibe phantsi kozwelonke.

UMthetho i-*Higher Education and Training Laws Amendment Act, 2010, (Act 25 of 2010)* wapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 33853 nge-7 Disemba 2010. Ufakela izilungiso kuMthetho i-*FET Colleges Act ka-2006* nakuMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala, 2000, uMthetho 52 ka-2000 (*Adult Basic Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)*), ukwenzela ukulungiselela ukuqeshwa kootitshala kumaziko oluntu, imivuzo neminye imiba yemeko yengqesho yootitshala (*other conditions of service of educators*), amanani ezithuba zootitshala ezabelwe amaziko, amagunya abaqeshi, ukuqeshwa nokuzaliswa kwezithuba zengqesho, ukutshintshwa kootitshala basiwe kwamanye amaziko (*the transfer of educators*), ukusekondwa kootitshala, ukuthatha umhlalaphantsi kootitshala, ukugxothwa enkonzweni kootitshala, ukungakwazi ukusebenza ngenxa yokugula (*incapacity*) nokuziphatha kakubi (*misconduct*) kootitshala nokwenziwa kweminye imisebenzi ngootitshala. Ukwabonelela, phakathi kwezinye izinto, ngamalungiselelo ethutyana (*transitional arrangements*) ngokumalunga namaziko oluntu; ukwenza amalungiselelo okumiselwa komgaqo-nkqubo wezemfundo kazwelonke wamaziko karhulumente, wokubonelela ngemigaqo eyimiyalelo yomgaqo-nkqubo wezemfundo kazwelonke, wokulungiselela uthetha-thethwano ngomgaqo-nkqubo nemithetho, wokulungiselela upapasho lomgaqo-nkqubo wemfundo kazwelonke nokulungiselela ukubeka esweni nokuvavanywa kwemfundo noqeqesho lwabadala; kubandakanywa nokubonelela ngokumiselwa kwemigangatho ngokumalunga namabanga emfundo efundiswa ngamaziko karhulumente nawabucala.

UMthetho i-*Further Education and Training Colleges Amendment Act, 2012 (Act 3 of 2012)*, waqalisa ukusebenza nge-3 Meyi 2012, yaye ufakela izilungiso kwi-*FET Colleges Act of 2006 (Act 16 of 2006)*. UMphathiswa weMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Higher Education and Training*) wawumisela kwiSaziso sikaRhulumente No. 367, esapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 35336, yomhla we-11 Meyi 2012, ukuba eminye imigaqo ye-*Further Education and Training Amendment Act, 2012 (Act 3 of 2012)*, iya kuqalisa ukusebenza ngomhla wokusayinwa kwawo nguMongameli (11 Meyi 2012 njengomhla weSaziso esenziwe nguMphathiswa) ngaphandle kweZiqendu 11, 12, 13, 14, 28(3) no-32(b).

ISiqendu 14 sijongene nezemali ezinxulumene nokwabiwa kweeGranti eziKhutshwa ngokweMiqathango (*Conditional Grant*), yaye iZiqendu 11, 12, 13, 28(3) no- 32(b) zijongene nokutshintshwa kwabasebenzi ukususwa kumaSebe eMfundo amaPhondo (*Provincial*

Education Departments) ukuya kwi-DHET ngokuxhomekeke kwimigaqo yesiqendu 197 soMthetho wezoBudlelwane eMsebenzini, 1995 (uMthetho 55 ka-1995). Ezi nkqubo mazigqitywe phambi kokuba kuqaliswe iziqendu ngomhla oya kumiselwa nguMphathiswa yaye zipapashwe ngesinye iSaziso kwiGazethi kaRhulumente.

IMimiselo i-*Norms and Standards for the funding of FET Colleges* yaphunyezwa ukususela nge-1 Apreli 2010. Imimiselo nemigangatho isekelwe kwiindleko zokubonelela nge-*National Certificate: Vocational Programmes*. Ifomula yeengxowa-mali inamacandelo amathathu angala: *personnel, capital ne-non-personnel/non-capital*. Ukuxhaswa ngemali kweekholeji zeFET yinkqubo yegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango ethile, ngeentlawulo zemali zaqho ngenyanga.

IMimiselo ii-*Regulations relating to the Minimum Requirements for the Constitution of a Governing Body of a Public ABET Centre*, yapapashwa ngokwesiqendu 8(7) soMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala (uMthetho 52 ka-2000) (*Adult Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)*), kwi-*Provincial Gazette Extraordinary No. 6952*, yomhla we-23 Februwari 2012. Ibonelela phakathi kwezinye, ngokwakhiwa, iintlanganiso, unyulo nokuchithwa kwebhunga lolawulo leziko loluntu le-ABET (*public ABET centre*).

5. Amaphulo ongenelelo ngoncedo acwangcisiweyo neeprogram ezicwangcisiweyo

5.1 IiPrayorithi zeBhajethi zamaCandelo

Icandelo lezemfundo eMzantsi Afrika lineeprayorithi ezine eziphambili eziqhagamasheleneyo ekuzezi: iNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharithyulam noVavanyo (CAPS); iiMvavanyo zoNyaka zikaZwelonke (*Annual National Assessments*); iincwadi zokwenza umsebenzi kumabakala 1 - 9 nophuhliso lweziseko zophuhliso. Ngezi prayorithi zine, iSebe iDBE linenjongo yokujinisekisa ukuba bonke abantwana baneencwadi zokufunda ezisemgangathweni abanokubhala kuzo yaye bagoduke nazo; ikharithyulam efanayo ecacisa ikhontenti, ulandelelwano nesantya sokufundisa ikhontenti; uvavanyo lonyaka kulwimi nemathematika kumaBakala 1 – 6 no-9 ukulinganisela umgangatho wokuqhuba kwabafundi kwezi zifundo zingundoqo neziseko zophuhliso ezikhuselekileyo nezifanelekileyo zokufundisa nokufunda.

IiNkcazo zoMgaqo-nkqubo weKharithyulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)*)

Ukujongisiswa kwe-*National Curriculum Statement (NCS)* kwango-2009 kwaqaqambisa ukungacaciswa ngokwaneleyo kwekhontenti kumaBakala 1 – 9 neengxaki ezifunyanwa ngootitshala malunga nesantya sokufundisa nolandelelwano lokufundiswa kwekharithyulam. I-CAPS yaqulunqelwa amaBakala R-12 ukucacisa ikhontenti yezifundo (*subject content*) emayifundiswe nokuba kuqhutywe njani na ukucwangcisa, ukufundisa novavanyo. Kubalulekile ukugxininisa ukuba iCAPS ayimele ikharithyulam entsha, koko iyingcaciso yekhontenti eneenkcukacha ezibanzi, isantya sokufundisa nolandelelwano ngokungqinelana ne-NCS. I-CAPS iqaliswe ngezigaba ngezigaba kwithuba elisusela ngo-2012 ukuya ku-2014.

linguqu eziphambili ezibangelwe yi-CAPS zezokuba kufuneka kuphugulwe umthwalo wemisebenzi yezolawulo kootitshala, inkcazo ecace gca yekhontenti yezifundo neendlela zokufundisa nezovavanyo ezivokothekileyo (*strong teaching and assessment methods*). Ezi ziinguqu ezibaluleke gqitha yaye okulindelekileyo kukuba ziya kukulungiselela bhetele ukufundisa nokufunda zize ngaloo ndlela zizenze zibe bhetele ngakumbi iziphumo zokufunda. Njengoko u-2014 ingunyaka wokuba amabakala okugqibela, amaBakala 7 - 9 no-12, aphumeze i-CAPS, izikolo ezinala mabakala ziya kuxhaswa ngokufanelekileyo. Uqeqesho kwi-CAPS lugxininisa ukuba iCAPS, iincwadi zokwenza umsebenzi nee-ANA ziyahlanganiswa yaye zijolise ekuphuculeni umgangatho wokufunda.

Iincwadi zokwenza umsebenzi zikazwelonke

Ifuthe lesantya esicothayo nokungakwazi ukufikelela ngokwaneleyo kwizibonelelo zokufundisa ezikolweni libe ngumba ophambili oxelwe ngootitshala nekubhalwe ngawo kakhulu ngabaphandi kumaphepha ophando. Ngelokuphendula kulo mngeni, iSebe iDBE lenze laze laprinta iincwadi zokwenza umsebenzi zikazwelonke. Eli phulo leencwadi zomsebenzi liphulo longenelelo ngoncedo ekulindeleke ukuba libe negalelo elikhulu ekufundeni nasekufundiseni eklasini. Kwenziwe uphando lukazwelonke lokubeka esweni ukusetyenziswa kwezi ncwadi zokwenza umsebenzi ezikolweni. ENTshona Koloni ziyi-20 izikolo ebeziyinxalenye yolu phando nolufumanise ukuba izikolo ezininzi ziyazisebenzisa iincwadi zokwenza umsebenzi yaye zizifumana ziluncedo.

Iimvavanyo ii-Annual National Assessments (ANA)

Zonke izikolo kufuneka zibhale iimvavanyo zoLwimi neMathematika ngokwamabakala azo kumaBakala 1 - 6 no-9. Ngo-2011 yaphunyezwa ngokupheleleyo le nkqubo yovavanyo kuzwelonke eMzantsi Afrika. Ngo-2012, iisethi ezintathu zamaphepha emibuzo ayimizekelo zathunyelwa ezikolweni ukwazisa ootitshala ngeendlela ezahlukileyo zokubuza imibuzo. I-ANAs zango-2014 ziya kubhalwa ngoSeptemba phantsi kokubekwa esweni kuzo zonke izikolo. Izikhokelo zokumakisha okanye iimemo ziya kwenziwa zifumaneke yaye iimvavanyo ziya kumakishwa ngootitshala abachaphazelekayo kwisikolo ngasinye. Kuya kuqaliswa ngeenkqubo zolawulo ukuqinisekisa ukuba ukumakishwa kusemgangathweni. Amanqaku abafundi aya kufakwa kwiziko ledatha (*central database*) ukunika ingcaciso ebanzi yeesistim ngokuphumelela kwabafundi. Okubaluleke gqitha kolu vavanyo kukunikwa kwenkcazo ngokuqhubekileyo (*feedback*) ezikolweni nakubazali ukulungiselela ukucwangcisa nokuphucula umgangatho ngokubambisana.

Uphuculo lweziseko zophuhliso

Ngonyaka-mali ka-2011/12 kubekho utshintsho kwindlela okuqhubeka ngayo ukuxhaswa ngemali kophuhliso lweziseko zophuhliso ezizakhiwo zezikolo kwinkqubo yesikolo. Okokuqala, isixa esikhulu senkcitho yeziseko zophuhliso ezikolweni sifakwe phantsi kwebhajethi yeSebe leMfundo esiSiseko, laza eli sebe lathatha imisebenzi emitsha yokucwangcisa nokubekwa esweni kwale nkqubo. IGranti yeZiseko zoPhuhliso kumaPhondo (*Infrastructure Grant to Provinces*) ngokukodwa, eyabelwa ibhajethi yi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke, yafikelela esiphelweni ngo-2010/11 yaza indawo yayo yathathwa yi-Education Infrastructure Grant (EIG).

I-Presidential Infrastructure Coordinating Council (PICC), eyasekwa ngo-2012, imisele ngokusesikweni iprogram yokwakha izikolo kazwelonke *i-Strategic Integrated Project 13 (SIP 13)*, egxininisa ekwenzeni lufane ulawulo lokucwangciswa, ukuthengwa kweempahla neenkonzozo zikarhulumente nolawulo lweekhontraki (*uniformity in planning, procurement and contract management*), kwakunye nokubonelelwa kweenkonzo ezingundoqo (*basic services*). I-SIP 13 yenziwa ziiprogram ezimbini: iindidi zeeprogram zephondo ezixhaswa ngemali yi-Education Infrastructure Grant ne-Equitable Share (ES) Grant ne-Accelerated Schools Infrastructure Delivery Initiative (ASIDI), neliphulo eliqhutywa kuzwelonke. I-SIP 13 asiyooprogram intsha koko ihlanganisa iiprogram ezimbini ezikhankanywe apha ngentla kwiprogram yokwakha izikolo ehlanganisiweyo, nekwavunyelwana ngayo kumanqanaba ephondo nakazwelonke okuphendula ngokuqhubekayo kwiprogram.

I-SIP13 ijongene neethagethi zezicwangciso zecandelo leDBE ekubhekiswe kulo apha ngentla ekuzezi: *Schooling 2025 and Action Plan 2014: Towards the Realisation of Schooling 2025*. Elinye ifuthe lezi program zikaMongameli libe kukuqiniswa kwenqanaba lokongamela iinkonzo zeziseko zophuhliso kwicandelo lezemfundo. ISebe iWCED njengangoku liyaxhamla kwiprogram i-ASIDI programme ngokuba izikolo eziyi-25 ziyatshintshwa (ziyi-14 izikolo ezaqaliswa ngo-2012/13 neziyi-11 ngo-2013/14). Ezinye izabelo-mali ze-ASIDI zinokwenziwa kwiPhondo kodwa yimpumelelo ekwenziweni kweenkonzo okuya kuqinisekisa ubungakanani benkxaso-mali.

5.2. IZICWANGCISO ZEPHONDO

ISebe iWCED liya kuqhubeka ukomeleza nokuzinzisa amaphulo aphambili aqatshelwe kwisiCwangciso sePhondo *i-Strategic Plan (2010-2014)* neNjongo yesiCwangciso soBuchule (*Provincial Strategic Objective*), ukuya kutsho ku-2019. Ezi zicwangciso, ziya kuthi zona ngokwazo, ziqinisekise ukuba siyaphunyezwa isicwangciso sikazwelonke *i-national Action Plan for 2025*.

Izicwangciso zephondo ngokumalunga neenjongo eziphambili ezine zikazwelonke (4) zichazwa apha ngezantsi.

Amanyathelo okomeleza ikharithulam ukuxhasa i-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)

I-CAPS iya kuqaliswa kumaBakala 7 - 9 naku-12 ngo-2014 yaye kuya kunikwa inkxaso eyodwa ezikolweni kula mabakala.

Amagosa aya kuqhubeka nokugxininisa ekuqinisekiseni ukuba ootitshala bayilawula yonke imiba yokufundiswa kwekharithulam ehlaziyiweyo. Oku kubandakanya ukugxininisa kwikhontenti, ukumisela isantya sokufundisa, ukuhlangabezana nemigangatho eyimfuneko nemisebenzi yovavanyo. Ukongeza apho, isantya sokufundisa nekhontenti yeprogram yokufundisa zicaciswe gca ngokubanzi.

Zonke iikhosi neeprogram zenkxaso, umzekelo ezo ziqhutywa e-Cape Teaching and Learning Institute, ziya kusebenzisa amaxwebhu eCAPS. Uqeqesho lo gama usenkonzweni nophuhliso lootitshala luya kwnziwa e-CTLI nakwiiyunivesithi ezine.

Ngo-2009 iSebe iWCED liqalise uqeqesho lweminyaka eyi-8 nesicwangciso senkxaso ukuxhasa uphuhliso loLwimi neMathematika. Olu qeqesho lusekelwe kwi-CAPS, luqhutywa ngababoneleli-nkonzo abaziingcali yaye lolootitshala kumaBakala 1 – 6. Ngo-2014, olu qeqesho luya kuqhubeka kwakhona ngeeholide zikaJulayi.

Unyaka 1 (2009): izikolo eziyi-250 zokuqala	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwi <i>Mathematika</i> ngeholide kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho ku <i>Lwimi</i> ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda ne <i>LTSM</i> (izikolo eziyi-250)
Unyaka 2 (2010): izikolo eziyi-250 kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho ku <i>Lwimi</i> ngeholide kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwi <i>Mathematika</i> ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda ne <i>LTSM</i> (izikolo eziyi-250)
Unyaka 3 (2011): izikolo eziyi-250 zesibini	IQela 3 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwi <i>Mathematika</i> ngeholide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho ku <i>Lwimi</i> ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda ne <i>LTSM</i> (izikolo eziyi-250)
Unyaka 4 (2012): izikolo eziyi-250 zeqela lesibini kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 3 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho ku <i>Lwimi</i> ngeholide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwi <i>Mathematika</i> ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda ne <i>LTSM</i> (izikolo eziyi-250)
Le ndlela yokwenza iya <i>kuphindwa</i> iminyaka emi-5 ukuya kwesi-8, o.k.t. phakathi ko-2013 no-2016, ukwenzela ukuba zonke izikolo eziziprayimari ziqeqeshwe kwithuba leminyaka esi-8.	

Ngo-2014, iSebe i*WCED* liya kukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwabazali ekuphuculeni iziphumo zokufunda. Umbuzo ongundoqo uya kuba ngulo "Ngaba umntwana wakho ukhe wafunda, wabhala waza waprekhtiza i-maths namhlanje?" ISebe i*WCED* likwahambise iincwadana zabazali babafundi beBakala 1 nezicacisa ukuba ungamxhasa njani na umntwana wakho kunyaka wakhe wokuqala esikolweni. Iya kuthathelwa ingqalelo eyodwa indima yeBhunga loLawulo leSikolo ekukhuthazeni ukuthatha inxaxheba kwabazali.

Njengenxalenye yenkxaso ye*CAPS*, iSebe i*WCED* liya kuqhubeka ukuphumeza isiCwangciso i-*Strategy for Mathematics and Physical Sciences for Grades 8 – 12* nango-2014. Iinjongo zaso zezi: ukwandisa ireyithi yothatho-nxaxheba kwi-*Mathematics* ne-*Physical Sciences* kumaBakala 10-12, ukwandisa inani labapasa i-*Mathematics* ne-*Physical Sciences* kwiBakala 12 nokuphucula umgangatho wabapasileyo kwiBakala 12, ngamanqaku angumndilili ophuculweyo (*improved average scores*) kunye/okanye amanani abafundi abafumene iisimboli A, B no-C. Esi sicwangciso siya kugxininisa kwinkxaso yezikolo ngokwahlukeneyo; kuqeqesho lootitshala, kwinkxaso kubafundi; kwiincwadi zezifundo, kwizixhobo nokubeka esweni novavanyo.

IProgram yeZikolo eziPhakamileyo yeSebe i*WCED* (*WCED High School Improvement Programme*) inenjongo yokwandisa amanani abafundi abapasa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi. Le program inenkqubo ngokwahlukeneyo yezikolo eziphakamileyo kwiphondo, nenkxaso eqala kwelona nqanaba lisezantsi ukuya kwelona nqanaba liphezulu, yaye kugxininiswa kwisikolo siphela kwezo zikolo zipaselwe ngabafundi abangaphantsi ko-70% kunyaka odlulileyo. Kucacile ukuba iprogram egxininisa kuphela kwiBakala 12 okanye kumaBakala 10-12 ayanelanga ukuba ijongane nemiba yokuqhuba kakubi kwabafundi. Ngenxa yeso sizathu, iprogram ka-2014 iya

kubandakanya kwakhona onke amabakala ezikolo eziphakamileyo, kugxininiswa ngakumbi kumaBakala 8 no-9 kwimiba efana nokukhetha izifundo, imfuno yokuhamba isikolo rhoqo nokugqiba zonke ii-asayinimenti zomsebenzi yaye kumaBakala 10-12 iindlela zokufunda nokufikelela kuyo yonke ikharithulam.

Ugxininiso kulawulo oluphambili ngo-2014 oluqhubeka okokoko luya kuba sekwandiseni kangangoko ixesha lokufundisa nokufunda. Oku kubandakanya ukusetyenziswa ngokuyimpumelelo kwazo zonke iiyure zokufundisa ngosuku kunye nokunciphisa ubungakanani bexesha elichithwa kwiimvavanyo nakwiimviwo.

Ngo-2014, iHigh School Programme iya kwakhela kucazululo lweenkcukacha zeziphumo zeBakala 12 zango-2013 zesikolo ngasinye; yenze yaye iphumeze isicwangciso esijongene neziphumo, kubandakanywa ukuqaphela izifundo ezithile apho abafundi bangaqhubanga kakuhle, nokumiselwa kunye nokucaciswa kweethagethi ezahlukenisiweyo ukulungiselela iimviwo zango-2014 zeNSC. Izithili zemfundo ziya kumisela iprogram yokufundisa (*tutoring programme*) kwizifundo ezinamanani obhaliso aphezulu. Umfundi ngamnye uya kunikwa iphekhi yamaphepha eemviwo zethuba elidlulileyo. Incwadana i-“*Tips for Success in NSC*” iya kunikwa umfundi ngamnye weBakala 9 no-12 ekuqaleni kuka-2014.

Kuya kubakho iiklasi ezongezelelweyo emva kwemini, ngeempelaveki, okanye ngeeholide apho kuya kunikwa inkxaso ngootitshala abaziingcali nabacebisi ngezekharityhulam. Le nkxaso ibandakanya iinkqubo zokumisela umgangatho neeprogram zerediyo. Iprogram iTelematics programme iya kusasazwa ngqo yaye kufundiswe kuyo izifundo ezinamanani obhaliso aphezulu kwizikolo ezikhethiweyo eziyi-147.

Izikolo ezizimeleyo nezikolo zikarhulumente ezikhethiweyo ziya kuhanjelwa ngokumalunga neprogram eqhubeka okokoko yokunceda ootitshala ekuseteni imisebenzi yeprekhtikhali yomgangatho owamkelekileyo nemisebenzi yovavanyo ii-School Based Assessment tasks yabafundi kumaBakala 8 - 12.

IiTheksti, kubandakanywa iincwadi zomsebenzi zikazwelonke

Ngo-2014 abafundi baya kufumana iincwadi zokwenza umsebenzi ngolu hlobo lulandelayo:

IBakala R	Abafundi baya kufumana iincwadi zokwenza umsebenzi ezimbini
AmaBakala 1-3	Abafundi baya kufumana iincwadi zokwenza umsebenzi ezisibhozo umfundi ngamnye, zibe mbini kwiMathematika, zibe mbini kuLwimi lweeNkobe zibe imbini kwisiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo nezimbini kwiZakhono zoBomi
AmaBakala 4-6	Abafundi baya kufumana iincwadi zokufunda, ezoLwimi lweeNkobe ezimbini, ezimbini zesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo nezimbini zemathematika
AmaBakala 7 - 9	Abafundi baya kufumana iincwadi zokwenza umsebenzi zeMathematika ezimbini umfundi ngamnye kwisiNgesi okanye kwisi-Afrikansi.

Kwithuba leminyaka emi-3 edlulileyo, ngo-2011-2013, kubonelelwe ngeencwadi zezifundo kubo bonke abafundi kumaBakala 1 - 12 yaye iSebe iWCED liya kongeza iincwadi zezifundo kwizikolo ezinengxaki yokukhula kwamanani abafundi ngo-2014. Ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo kuxhaswa yaye kubekwe esweni ngamagosa yaye kuyalandelelwa ngeprogram i-School Improvement Monitoring programme.

Ilisti entsha yoncwadi kwiBakala 12 iya kuqaliswa kwithuba leminyaka emibini, ngolu hlobo: iinoveli namabalana amafutshane ngo-2015; nedrama nemibongo ngo-2016. ISebe iWCED lenze ibhajethi yokubonelela abafundi ngeencwadi ezimbini zoncwadi kwikhatalogu kazwelonke yoncwadi evunyiweyo ngomfundi ngamnye weBakala 12 ngo- 2014.

Isikhokelo semimiselo nemigangatho seSebe iWCED sicebisa ukuba ngaphezu kwe-50% yesabelo sisonke sezibonelelo kufanele sibekelwe ukuthenga i-*Learning and Teaching Support Material (LTSM)*), ize i-10% yayo igcinelwe izibonelelo zaselayibrari. Isikhokelo sikwacacisa nokuba umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo ngasinye nokuba istokhwe seencwadi nezibonelelo zelayibrari kufanele sandiswe qho ngonyaka de inani lilonke leencwadi libonise umgangatho wamazwe ngamazwe ongowona usezantsi (*minimum international standard*) oko kukuthi eziyi-10 ngomfundi ngamnye.

Kulindeleke ukuba isikolo ngasinye sibe nomgaqo-nkqubo wokugcina iincwadi zezifundo ukuqinisekisa ukuba iincwadi zaso ekupheleni konyaka wokufunda ziyabusiwa ngabafundi ukwenzela ukuba iincwadi zibe nako ukusetyenziswa kwakhona ithuba leminyaka emine.

limvavanyo ii-Annual National Assessment (ANA)

Ngo-2012, iisethi ezintathu zamaphepha emibuzo ayimizekelo zathunyelwa ezikolweni ukwazisa ootitshala ngeendlela ezahlukileyo zemibuzo esetyenziswe kwi-ANAs. Ngo-2013, izikolo zafumana isikhokelo sovavanyo, kwakunye neseti yamaphepha emibuzo ayimizekelo ngebakala ngalinye nangesifundo ngasinye ukwenzela ukulungiselela abafundi xa bebhala ii-ANAs. Amaphepha emibuzo ayimizekelo afakiwe ngokunjalo kwiziko lewebhu leSebe iWCED ukwenzela ukulungiselela izikolo.

Ngo-2013 ii-Annual National Assessments zabhalwa ngabafundi abayi-615 326 kumaBakala 1 – 6 no-9. Lo ibingunyaka wesibini kuvavanywa iqela liphelelele labafundi beBakala 9. Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-1 455, izikolo ezizimeleyo eziyi-77 nezikolo eziyi-19 zemfundo eneneemfundo ezizodwa eNtshona Koloni, zathatha inxaxheba kolu vavanyo lukazwelonke.

ISebe i-DBE linyule i-arhente yovavanyo yangaphandle ukumodareyitha isampula yeencwadi zeempendulo zamaBakala 3, 6 no-9 kwizikolo eziyi-244 ezikhethiweyo kwiSebe iWCED. Ziyi-25 iincwadi zeempendulo zabafundi ngebakala ngalinye kumaBakala 3, 6 no-9 ezaba yisampula zaza zangeniselwa ukumakishwa nokumodareyitha kwangaphandle (*external marking and moderation*).

Iziphumo zango-2013 ziboniswe kule theyibhile ingezantsi:

	Ulwimi kwiSebe iWCED ngo-2013	Ulwimi lweeNkobe ngo-2013	IMathematika kwiSebe iWCED ngo-2013	IMathematika KuZwelonke ngo- 2013
IBakala 1	65	60	61	60
IBakala 2	62	57	62	59
IBakala 3	49	42	58	49
IBakala 4	54	49	42	37
IBakala 5	56	46	40	33
IBakala 6	63	64	47	38
IBakala 9	50	50	17	13

Ngo-2014 kucetywa ukuba kubhalwe iimvavanyo ngamaBakala 7 no-8 ngokunjalo. Ngoko ke kuya kuvavanywa iqela lilonke labafundi abangoontanga ukusuka kumaBakala 1 – 9. Kuya kulandelwa inkqubo efanayo yokumakishwa nokungqinisisa ukuchaneka kweemvavanyo eyasetyenziswa ngo-2013.

Iziseko zophuhliso

Iinjongo ezingundoqo zeprogram yeziseko zophuhliso iWCED *infrastructure Investment* zezi zilandelayo:

- Ukubonelela ngendawo efanelekileyo nesemgangathweni yokufundisela nokufunda
- Ukuphucula ukhuseleko lwabafundi nootitshala
- Ukwenza igalelo ekufundisweni kweBakala R kubahlali (ukwazi ukufikelela ngokufanayo)
- Ukuzinzisa nokuqinisekisa ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweziseko zophuhliso zeSebe iWCED
- Ukubonelela ngezikolo ezitsha neeklassi ezintsha apho kukho ubungqina bokukhula kwamanani abafundi okukokwethuba elide
- Ukutyala imali kwiziseko zophuhliso ngenjongo yokunciphisa inani leendlela zokuthutha abafundi
- Ukuqinisekisa ukuba isikolo ngasinye kwiphondo sijongeka bhetele kwithuba eliphakathi

Ukuchitha imali ikakhulu kwizikolo ezitsha kwithuba elisandula kudlula kubonise ukuba bambalwa kakhulu abafundi abaxhamlayo kwibhajethi yeziseko zophuhliso. Ngenxa yoko, kubekho ukutshintshwa kweemali kwibhajethi zasiwa kulondolozo kwizikolo ezininzi yaye kuya kubakho kwi-13% yebhajethi yolondolozo lwango-2013/14 ukuya kwi-22% yebhajethi ngo-2014/15 ne-30% ngo-2015/16. Ukugxininisa ekutshintsheni izikolo ezidala (*replacement schools*) ngenjongo yokutshintsha zonke izakhiwo ezingafanelekanga kule minyaka ilishumi izayo, nako kuza kutshintsha.

Le theyibhile ingezantsi ibonisa ukuba iya kwabiwa njani na ibhajethi yeziseko zophuhliso kwithuba leMTEF ukujongana nezi njongo.

ISISHWANKATHELO SEBHAJETHI YEZISEKO ZOPHUHLISO SIKA-2014/15; 2015/16 NANGO- 2016/17 kwithuba leMTEF						
Isikolo-iPrayimari/ iSekondari/ Esemfundo eneemfundo ezizodwa; isakhiwo solawulo; amanzi; umbane; ucoceko/igumbi langasese; ukubiywa njl. Njl..	Ibhajethi ka-2014/ 2015	%	Ibhajethi ka-2015/ 2016	%	Ibhajethi ka-2016/ 2017	%
	R'000		R'000		R'000	
Ukwandisa kweeklassi	9,026	1.05	10,731	1.02	20,000	4.97
Ezihlaziwayo nezongezwayo	28,654	3.34	32,011	3.05	0	0
Iihlo zezikolo namabala ezemidlalo	40,000	4.67	40,000	3.82	40,000	9.95
Iiklassi zeBakala R	10,422	1.21	35,110	3.35	40,483	10.07
Izakhiwo zee-ofisi	5,066	0.59	9,760	0.93	10,000	2.48
Abasebenzi (<i>Human resource capacity</i>) (IDIP/DORA)	4,154	0.48	0	0	0	0
Ulonolozo (kuqukwa i-EPWP)	191,323	22.35	315,167	30.12	228,000	56.76
Ukusiwa kweeklassi ezizimobhayili kwezinye izikolo	10,000	1.16	12,300	1.17	50,000	12.44
Izikolo ezitsha	325,300	38.00	456,186	43.59	0	0
Izikolo ezitshintshwayo	222,517	25.99	123,473	11.80	13,201	3.28
Ifanitshala yeZikolo eziTsha	2,500	0.29	0	0	0	0
Abacebisi ii-Capacity consultants/iiprojekthi zeSGB	7,000	0.81	2,000	0.19	0	0
Iprogram yehlo yesikolo	0	0	9600	0.91	0	0
Itotali iyonke	855,962	100%	1,046,338	100%	401,684	100%

Le theyibhile ingezantsi inika ucazululo lweeprojekthi zolondolozo ezicwangcisiweyo.

Iprojekthi	2014/15 R'000	2015/16 R'000	2016/17 R'000
Ulondolozo olubhajethelweyo ezikolweni (kuquka i-EPWP)	86,323	106,400	195,000
Ukubiywa	1,000	1,000	0
Ulondolozo olungxamisekileyo	5,000	7,000	33,000
Ulondolozo: (Iphulo lobungakanani)	98,321	200,251	0
Ulondolozo nomonakalo wezikhukula	679	516	0
ISABELO SOLONDOLOZO	191,323	315,167	228,000

Le theyibhile ingezantsi inika ingcaciso ngeenkalo ezahlukileyo (iiprogram) zokwenziwa kweenkonzo zesiseko zophuhliso kule minyaka mithathu (3) izayo (Iiprojekthi emazigqitywe).

Iiprojekthi zeziseko zophuhliso 2014/15 - 2016/17				
Isithili semfundo	Izikolo ezitsha	Izikolo ezitshintshwayo ²	Ulondolozo lwezikolo	Iiklasi zeBakala R
Metro North	3	10	56	23
Metro Central	1	10	55	27
Metro South	3	7	56	18
Metro East	8	4	59	18
West Coast	1	3	38	7
Overberg	3	5	43	6
Cape Winelands	5	2	53	28
Eden / Karoo	5	3	58	14
ITotali	29	44	418	141

Ukucazululwa kweiprojekthi ngonyaka ngamnye kulolu hlobo lulandelayo:

Udidi lweprogram	2014/15	2015/16	2016/17	IiTotali
Izikolo ezitsha	3	18	8	29
Izikolo ezitshintshwayo	24	16	4	44
IBakala R	54	53	34	141
Ukulondolozwa kwezakhiwo	130	128	160	418

Yonke idatha engezikolo kwiphondo kwiziko ledatha iNational Education Infrastructure Management System (NEIMS) database, ingeniswe kwiSebe i-DBE. Yakuba ifakiwe le datha kwisistim iNEIMS, iya kuxhasa izicwangciso zophuhliso ezizezinye. Ukuthathela ingqalelo ukungasetyenziswa ngokupheleleyo kweeklasi kwizikolo ezikhoyo, ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwehostele nokuphelisa ingxinano ezikolweni yimiba eziiprayorithi eziphambili zeSebe iWCED.

² Oku kuquka izikolo ezitshintshwayo phantsi kweprogram kazwelonke "i-Accelerated School Infrastructure Development Initiative"

Izicwangciso zeziseko zophuhliso zika-2014/15 zisekelwe kucazululo oluphuculweyo lobunjani bendlela ekuqhutywa ngayo ukubonelela iziseko zophuhliso. Izicwangciso zeziseko zophuhliso zango-2013/14 zisekelwe ikakhulu kucazululo oluphuculwe ngamandla (*substantially improved analysis*) lohlobo omalulandelwe lokubonelelwa kweziseko zophuhliso (infrastructure provision). Isicwangciso i-*User Asset Management Plan (U-AMP)* siqalisa ngocazululo lweendawo i-*spatial analyses* kwiimeko eziziintlobo ngeentlobo kwakunye nokujongisiswa kweemfuneko zeziseko zophuhliso kwinqanaba lamazikwana amancinci (iindawana ezikwiisekethe). Ucwangciso oluphuculweyo lwenziwe lwakho ngokuphuculwa kweziseko zophuhliso kwezemfundo lwe-*geographic information system (GIS)* kunye nokujongisiswa kweendawo ezingamazikwana amancinci neendlela zocwangciso ezintsha

Lo gama zisezininzi ngokwamanani izikolo neeklasi ezingekagqitywa, noko alilikhulu kangangokuba bekucingwa. Uphando phantsi kwe-*Western Cape Department of Public Works* malunga neemfuno zomjikelo wolondolozo lwezikolo zeWCED lubonisa ukuba kufanele ukuba kubekho ugxininiso olwandileyo kwiimfuno zolondolozo.

Ngokusekelwe kuvavanyo lwemeko ekhoyo ngoku yeziseko zophuhliso, iimfuno zeziseko zophuhliso eziqikelelwayo neminye imiba enokuthathelwa ingqalelo, iinkalo eziphambili emazijongiswe kwi-MTEF zezi zilandelayo:

1. ISebe iWCED kule minyaka mi-5 ukuya kweli-10 liya kwakha izikolo ezitsha yaye landise ugxininiso kulondolozo lwazo
2. liya kuphucula uzinzo phakathi 'kobubanzi' befuthe 'nobunzulu' befuthe ngokumalunga nenkcitho kwiziseko zophuhliso Okwangoku bambalwa abafundi abaxhamlayo kwinkxaso-mali yeziseko zophuhliso.
3. Makuqinisekiswa ukuba isikolo ngasinye kwiphondo sikwimeko entle kwithuba leminyaka emithathu ukuya kwiminyaka emihlanu.
4. liya kuqalisa ulawulo lomjikelo wolondolozo.
5. liya kujongana neendlela ezingafanelekanga zokusetyenziswa kweefasilithi zezikolo ngokusebenzisa inkqubo yohlengahlengso nohlanganiso (*rationalisation and consolidation*).
6. Ukwandisa iifasilithi ezinokufaka abafundi abangaphezulu. Kwiindawo ezininzi ezisezidolophini, nakwiindawo ezikufutshane needolophu, uxinzelelo lwamanani obhaliso yinto eba yingxaki ngamandla nenokubangela ukusetyenziswa ngokugqithisileyo kwezakhiwo nengxinano. Iimfuno zoxinzelelo lwamanani obhaliso ezilo luhlobo, makujongwane nazo njengomba oyiprayorithi kusetyenziswa izicwangciso ezibandakanya ukususa abafundi abangaphezu kwemfuneko basiwe kwizikolo ezikufutshane apho kukho indawo; ukwandisa isithuba esikhoyo eziklasini esikolweni esiphantsi koxinzelelo okanye kwizikolo ezikufutshane; nokwakha izikolo ezitsha kuphela xa kuyimfuneko.

ISebe leMfundo esiSiseko lizibophelele ekubeni lixhase ngemali ngokusebenzisa i-*Accelerated School Infrastructure Development Initiative (ASIDI)*, izikolo eziyi-25 ezitshintshwayo eNtshona Koloni kule minyaka mibini izayo, lisebenzisa iimali ezongezelelweyo kwibhajethi yeSebe iWCED yeziseko zophuhliso. Le program sele iqhubeka, yaye kulindelekile ukugqitywa kwesigaba sokuqala phakathi koMatshi no-Oktobha 2014. Ulwakhiwo kwisigaba sesibini luya kuqala ngo-2014.

ISebe iWCED linenjongo yokuqinisekisa ukuba isikolo ngasinye kwiphondo sikhangeleka kakuhle kwithuba elimisiweyo leminyaka emithathu ukuya kwiminyaka emihlanu. Iifestile ezophukileyo, imibhalo yegrafiti, iingcango ezingavalekiyo, izindlu zangasese ezingasebenziyo nokuhla komgangatho weefasilithi ziyabatyhafisa abafundi nootitshala. Izicwangciso zokuqinisekisa ukuphuculwa kweziseko zophuhliso zichazwe zaza zabhajethelwa kwisiCwangciso: 2014/15 WCED User Asset Management Plan. Injongo kukufumana uzinzo olubhetele ngokumalunga nobubanzi nobunzulu befuthe lenkcitho yeziseko zophuhliso.

Kukho ukungaqiniseki okuthile ngobungakanani bokukhula kwamanani abafundi eNtshona Koloni nalapho imfuno yobhaliso (kwezikhoyo nakwezitsha) ngokubhekiselele kwindawo yokufundela, iya kuziveza khona. Oku kuneziphumo ezibaluleke kakhulu kuloo nto iSebe iWCED elinganako ukufikelela kuyo ngokumalunga nokunciphisa inani lezo zingekakhiwa zichaphazelekayo.

Ukongeza kwezi nkalo uzwelonke agxininise kuzo zine (4) zichazwe apha ngentla, iSebe iWCED liqaphele la maphulo ongenelelo ngoncedo athile ku-2014 angala alandelayo:

Uhlelo 1: Imigaqo-nkqubo elungiselela ngakumbi izikolo ezithwaxwa kakhulu yintlupheko

UMgaqo-nkqubo oNgakethwa njenge-Option 1: Top up Quintile 4 and 5 schools norms and standards funding ovumela izikolo eziyi-216 zibe zizikolo ezingabizi zifizi.

ISebe iWCED lenze isigqibo somgaqo-nkqubo sokongeza isabelo semimiselo nemigangatho yezo zikolo ezikwi-NQ 4 no-5 apho isixa-mali seefizi zesikolo sidityaniswe nesabelo-mali semimiselo nemigangatho singaphantsi kwesona sixa-mali sabelwa izikolo ezingabizi zifizi (fee threshold amount) esiyi-R1,059 ngomfundi ngo-2014/15. Izikolo ezaqatshelwa ukuba zenze izicelo zokuba 'zizikolo ezingabizi zifizi' zonke zazibiza iifizi eziyi-R400 nangaphantsi ngo-2013. Izikolo eziyi-216 ezongezelelweyo zikwamkele ukuba zibe zizikolo ezingabizi zifizi.

UMgaqo-nkqubo oNgakethwa njenge-Option 2: Iiklinikhi zeMpilo eziziiMobhayili (Mobile Health Clinics)

ISebe iWCED liya kunika inkxaso iprojekthi yeSebe lezeMpilo ukuba livavanye ukuva, ukubona, ukuthetha nezigaba zokukhula kwabantwana abaminyaka mithandathu kwiphulo elilingwayo leeyunithi eziziiMobhayili ezi-5 ngo-2014.

UMgaqo-nkqubo oNgakethwa njenge-Option 3: Uphuhliso loLutsha

Kukho indleko kwezintlalo noqoqosho nakwezemfundo eluntwini olungabahlali neendleko zemali zeSebe iWCED, eziphindekileyo. Ukwenza umzekelo, ngo-2013 bekukho abafundi abayi-5 538 kwiBakala 9 ebebebhinda iklasi ngaphezu kwakanye kwiBakala 9. ISebe iWCED liya kubonelela ngemali eyongezelelweyo yokwandiswa kweProjekthi yoLutsha (Youth Project) kubafundi abayi-1 000, ebebeza kuphinda iBakala 9, bafakwe kwiiKholeji zeFET okanye kumaZiko eMfundo yaBadala (Adult Education Centres).

Iprojekthi i-Premier's Advancement of Youth (PAY) yeyabafundi abanematriki abanomdla wokufumana amava omsebenzi kwicandelo lemisebenzi karhulumente kwelinye lamasebe karhulumente alishumi elinesithathu kaRhulumente weNtshona Koloni. Uqeqesho luthatha unyaka apho unikwa iingcebiso, usebenza ngokuqwalasela indlela ekwenziwa ngayo umsebenzi (job shadowing), uqeqeshwe lo gama usemsebenzini (on-the-job-training) nophuhliso lwezakhono, olujoliswe ekwenzeni abaqeqeshwa babenako ukuqesheka. Uqeqesho luqala nge-1 Apreli 2014 ukuya kwi-30 Matshi 2015. Abasebenzi abasaqeqeshwayo

abasebenza kwiSebe i-WCED baya kufakwa kwisikolo esiyiprayimari esikufutshane nalapho bahlala khona okanye kwaNdlunkulu, yaye baya kwenza imisebenzi yolawulo nezinye iinkonzo zenkxaso zesikolo.

UMgaqo-nkqubo oNgakhethwa njenge-Option 4: Ukuhlawulwa kwemali eyi-100% kwizikolo ezizimeleyo

ISebe iWCED liya kwandisa isabelo-mali sezikolo ezizimeleyo ezibiza iifizi ezisezantsi. Oku kungqinelana neMimiselo neMigangatho kaZwelonke yeNkxaso-mali eZikolweni (*National*

Norms and Standards for School Funding).

Udidi 2: Ukuphucula umgangatho

UMgaqo-nkqubo oNgakhethwa njenge-Option 5: IZibonelelo zokuNcedisa ukuFunda nokuFundisa (LTSM)

Ngo-2014 iSebe iWCED liya konga imali kwezi zinto zilandelayo:

- kwezo zikolo zingenazo incwadi zezifundo ezifunekayo, iSebe iWCED liya kufaka igalelo kwiincwadi zezifundo kumaBakala 1 – 3 ngohlobo lwe: *rand-for-rand basis*; oko kukuthi iSebe liya kukhupha irandi ngerandi nganye ekhutshwa sisikolo;
- ukuthenga iincwadi zezifundo ze-*Natural Science* ne-*Technology* kumaBakala 4 – 6 lithengele bonke abangekazithengi; kunye
- nokuthenga iincwadi zoncwadi ezintandathu ezifunekayo kwiBakala 12 ngo- 2015.

Ngoko ke ezi zinto ziya kuba: ziincwadi zezifundo kwisifundo ngasinye kwezine kumaBakala 1-3 neencwadi zezifundo ze-*Natural Science* kumaBakala 4 - 6; neencwadi zoncwadi kumaBakala 12 ngo-2015; iincwadi zokufunda kumaBakala 1 - 3. Ngo-2013 ingxelo ye-*National Education Evaluation and Development Unit (NEEDU)* icebisa ngamandla ukubonelelwa kwezikolo ngeencwadi kakhulu kwiSigaba seSiseko ingakumbi iincwadi zezifundo neencwadi zokufunda (*textbooks and readers*).

UMgaqo-nkqubo oNgakhethwa njenge-Option 6: limvavanyo zamanqanaba olwazi kubo bonke abagqatswa abakuluhlu olufutshane kwizithuba zeenqununu.

Amava abonisa ukuba iinqununu zinokwenza umahluko omkhulu kumgangatho wokufundisa nokufunda. Ingxelo yeNEEDU icebisa ukuba kwenziwe uvavanyo lwamanqanaba olwazi kwizithuba zeenqununu neeHoDs. ISebe i-DBE lenza amalungiselelo ovavanyo lwamanqanaba olwazi lweenqununu. Umviwa ngamnye okuluhlu olufutshane kwizithuba zeenqununu eNtshona Koloni ukususela ngo-2014 uya kugqiba uvavanyo lwamanqanaba olwazi phambi kokuba kuqale inkqubo yodliwano-ndlebe.

hUdidi 3: Ukwandiswa kwamathuba

UMgaqo-nkqubo oNgakhethwa njenge-Option 7: I- e-administration ne-e-vision

Ngokungqinelana neprogram yonxibelelwano ngekhompyutha i-*provincial broadband programme* nokuqhubeka kwihlabathi jikelele, iSebe iWCED liya kubonelela ngemali njengenxalenye yolwandiso ngokwezigaba nophuhliso lweprogram neya kuqinisekisa ukuba onke amacandelo e-*e-learning* abonelelwa kakhulu ezikolweni.

Isistim nenkxaso kwiziphumo zokufunda eziphuculweyo

Zizintlu zezithuba zootitshala ezithathu ezicwangciselwe u-2014. Inkqubo yokugaya abasebenzi entsha i-*e-recruitment system* ifanele ukuququzelela yonke imiba yenkqubo yokugaya abasebenzi. Izithuba zeenqununu ziya kupapashwa kuluhlu ngalunye lwezithuba naxa kukho imfuneko yazo. Ukwenzela ukwandisa uzinzo kulawulo ezikolweni, kuya kuqhutyekwa nenkqubo yokugqibezela ukuqeshwa kweenqununu zezikolo, kungekho kulibaziseka kungako. Ikhayitheriya zokuqeshwa, ezichazwe kwizaziso zezithuba, zibandakanya imfuno yabagqatswa bolawulo bezikolo beze nobungqina bokuba bayiphucule njani na imigangatho kwimisebenzi yabo yangaphambili. Izintlu zezithuba zengqesho ziya kuqinisekisa ukuba izikolo zingaqesha kwangexesha, ukuze ngokwenjenjalo ziqinisekise utshintsho olungenamagingxingxi kubunkokeli nophazamiseko olungengako kwinkqubo yesikolo. Izikolo ziya kuchazelwa ngamanani ezithuba zengqesho eziwabelweyo ngo-2015 ngo-Agasti 2014 ukwenzela ukuba ukucwangcisa nokwenziwa kwethayimthebhile zenziwe ngexesha. Iiprogram zoqheliso eziqhubeka okokoko ziya kubanika inkxaso abaqeshwa abatsha. Iphulo lika-2014 lokuqhuba iimvavanyo zamanqanaba olwazi kubagqatswa abakuluhlu olufutshane kwizithuba zeenqununu lijolise ekomelezeni inkqubo yokugaya abasebenzi.

Iiprogram yokubeka esweni ukutshekisha nokunika inkxaso imiba yeziCwangciso yoPhuculo lweSikolo (*School Improvement Plans*) iya kuqhubeka apha ku-2014. Imiba ephambili ekugxilwe kuyo yile: iincwadi zezifundo, kubandakanywa uku-odola nokusetyenziswa kwazo; ulawulo lwezikolo; iziCwangciso zeBakala 1 nezeBakala 9 ukuphucula umgangatho weziphumo kula mabakala; ekufundisweni kwekharithulam; ukugqwesa kwizifundo ngokugcina ingcaciso yeCEMIS yesikolo ihlaziyiwe; ulawulo lweefasilithi; nokuthethana nabazali nokuzaliswa kwezithuba zengqesho.

Iiprogram yobhaliso kwangexesha ukulungiselela u-2014 yayibeke imihla eyayapashwa kakuhle nangexesha elifanelekileyo yokuba abazali babhalise abantwana babo nokuba ii-ofisi zezithili zemfundo zimisele iikomiti zobhaliso lwabafundi ukuncedisa abazali.

Yonke imiba yokulungela kwesikolo unyaka ka-2015 kuya kujongwana nayo ngokwezicwangciso. Oku kubandakanya ukulungela kwazo ngokwezakhiwo (*physical preparedness*) nokulungela ngokwezifundo (*curriculum*), ukulungela kwezikolo ulawulo nokuphatha nokuba zibe zizikolo ezinenkathalo. Ifanitshala ebifuniwe iya kusiwa ezikolweni phambi kokuba zivule ngo-2015. Oku kubandakanya ukuthenga ifanitshala yezikolo ezitsha.

Iya kuqhubeka iprogram yokunika inkxaso amaBhunga oLawulo eZikolo akhethwe ngo-2012. Ugxininiso luya kuba kwiindima nemisebenzi yamalungu eSGB, nokubandakanya nendima yawo ekuqeshweni kweenqununu nootitshala. Kuya kubakho ugxininiso ngamandla kwiindima zawo kulawulo lwemicimbi yemali. Amalungiselelo onyulo lweSGB ngo-2015 aya kuqala ngoJanuwari 2014 aqhubeka kude kube ngoMatshi 2015.

Iibhasari zaphambi kokungena enkonzweni zanikwa ootitshala ababonisa umdla nabanolangazelelo (*aspiring teachers*), lokuqhubeka nezifundo ezinqabileyo kwiinkalo ezifana neMathematika, iSayensi, iThekhinoloji neSigaba seSiseko. Lo gama iprogram yokufunda yeebhasari sele ephambili amalungiselelo ayo (*pipeline bursars*) iya kunikwa inkxaso, iSebe iWCED liya kulunqumamisa ulwabiwo olutsha lweebhasari ngenxa yokuba iprogram yebhasari kazwelonke i-Funza Lushaka yandisiwe yaye ibonelelwa abafundi ngezibonelelo ezisemgangathweni onguwo. Sele senziwe isicwangciso sokuba abasebenzi abangaphezu kwemfuneko, bafakwe ezithubeni nokuba abo babenikwe ibhasari yiFunza

Lushaka (*Funza Lushaka bursary holders*) mabaqeshwe njengootitshala abasisigxina okanye ababambeleyo ukuba kunokwenzeka oko. Kukho amalinge awenziwayo okuqhubela phambili oku.

Uqeqesho lootitshala nabaphathi bezikolo ngumba ekugxininiswa kuwo ngakumbi liSebe iWCED. Olu qeqesho lubandakanya iikhosi eziziindidi ngeendidi, iisemina neenkomfa e-Cape *Teaching and Leadership Institute (CTLI)*. Ukongeza kwiikhosi zoqeqesho olubanzi zeeveki ezimbini, iCTLI ikwaqhuba neesemina neenkomfa ezahlukeneyo ngezihloko ezibalulekileyo. Ukongeza kumaphulo ongenelelo ngoncedo oqeqesho oluqhelekileyo eCTLI, ukususela ngo-2014, luya kutshintshwa ugxininiso lusiwe kumaqela anika inkxaso ii-*localised support groups* ukuhlangabezana nezihloko neemfuno ezithile ngeeprogram eziqhutyelwa ezikolweni okanye kwezo ndawo zikwizithili. Imiba ekuya kugxininiswa kuyo ngezi program ngo-2014 luqeqesho kwi-IT ekufundisweni kwabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa.

Kwimeko yeenqununu, ugxininiso luya kuba sekuboneleleni ngozinzo oluphuculweyo ezikolweni nangophuhliso nenkxaso yabo bangenamava okanye abafuna ingcebiso engaphezulu (*extra mentoring*); ukuya ekuphuhliseni abo sele benobuchule ukuba baye kwinqanaba elilandelayo. Zonke izithili zibamba iiseshoni zoqheliso (*induction sessions*) zabo basanda kuqeshwa njengenxalenye yenkqubo yoqheliso ecwangcisiweyo. Iikhosi eCTLI zoqeqesho kulawulo lwezikolo ziya kubandakanya ezi zihloko: *inqununu njengomphathi wekharithyulam; iindima nemisebenzi yamasekela-nqununu; iindima nemisebenzi yeentloko zamacandelo (heads of department), iinqununu ezibonisa umdla nolangazelelo (aspiring principals) neenkokeli zezikolo; uqhelwaniso lweenqununu namasekela-nqununu nomsebenzi wawo; uqeqesho lweekomiti zolawulo zezikolo nabasetyhini abakulawulo nabanomdla wobakulawulo.*

Ngo-2014 ukumana kusandiswa ukuphunyezwa ngezigaba nokwandiswa kweMfundo ebandakanya bonke abafundi; iMfundo kwiZikolo ezineeMfundo eziZodwa nohlanganiso lwe-ICT ekufundeni nasekufundiseni ziya kuthagethwa kwizicwangciso zophuhliso lootitshala.

